


INDLELA YOWENYANISO

UMPROFETI KATHIXO

 Ngokuka, molweni, zihlobo. Yintsasa entle, kunye nexesha elilungileyo lokuba lapha. Ndiyavuya kukuba ndiyaphila ngale ntsasa, nokuba lapha kunye nerhamente kwakhona. Kukho izinto ezininzi ezinokwenzeka ngelona xesha lifutshane. Kwaye asazi xesha liphi esiyakubizwa ngalo, ukuba siphendule, phezulu kwiNkundla enkulu. Kwaye sifuna ukuba ngabazilungiseleleyo nangaliphi ixesha, ukuze sibe noxolo.

² Kwaye ndinombulelo kakhulu, njengoko nditshilo. Kakade, bendilapha ngobusuku bangeCawa, kwaye ndithetha nabantu. . .Ndishumayeke ngobusuku bangeCawa, kwaye ndifuna ukubulela uMzalwana uRoberson, nonke nitsalile, malunga nokonwabela la Myalezo wobusuku bangeCawa, “Sinazo zonke izinto.” Kwaye ngoko ndi. . .Ngelinye ixesha andikhange ndicinge ukuba ndandizakuthetha, ndehla nje ndaza ndakhangela kuMzalwana uNeville. Umqala wakhe—wakhe ngahlobo luthile unjenge bhungane ezantsi apho. Ndacinga, “Ihlwempu lomzalwana, ukuba ngokuqinisekileyo undibizile ngobubusuku, ndiyakunceda, okanye ndenze nantoni na endinakho.” Ngoba, ndiyazi ukuba yintoni lanto, xa udiniwe kwaye usisitshotho, kwaye ushumayeke kanzima ngala ntsasa. Kwaye ke ndi—ndithethe endaweni yakhe ngobusuku bangeCawa. Kwaye ke si—si. . . Ndiyanibulela, kakhulu.

³ Ngoku kukho izicelo ezininzi, abathi, zezokuthandazelwa. Kwaye ke masizikhumbule, kuqala, zonke ezi zicelo. Masithobiseni iintloko zethu ngoku.

⁴ Bawo Wethu waseZulwini, kubhaliwe ukuba kufanele singene elo manyano Lakho ngemibulelo ezintliziyweni zethu, sazise izicelo zethu zaziwe kumanyano labaNgeweke. Kwaye sinezininzi zazo, ngale ntsasa, zininzi kakhulu, okokuba singazi singazibiza njani kuWe, kodwa Uyazazi. Kukho ezininzi ekungathethwanga ngazo. Uyazazi, nazo. Ke, sithandaza ngeentliziyo zethu zonke, njengoko senzile ngobusuku beCawa ephelileyo ngomntwana kaDade uShepherd, Mzalwana uShepherd. Apho xa e. . .Wabuya, uMoya oyiNgcweke wathi, “Akanapolio. Uyakuphila.” Okunjani ukonela esibanakho xa sisiva kuWe.

⁵ Ngoku siyacela ngale ntsasa ukuba Uyakuvuza ezizicelo ngabagulayo, ngamakhaya afelweyo, ngabathandwayo, nako konke okuthethiweyo, Bawo. Siyathandaza ukuba Uyakukhumbula ngamnye. Kwaye ndinikezela ngomthandazo

wam, kunye nomthandazo waba bantu, phambi Kwakho; ihlanganisiwe kunye, ize ithunyelwe kuWe, eGameni likaYesu Kristu. Sive, Bawo, siyathandaza. Amen.

⁶ Ndifuna ukubulela wonke ngamnye kuni nonke ngemithandazo yenu ngam. Ngethuba xa... Niyazi ndandinogqabhuko-dubulo oluncinci ezantsi kwindawo yokudubula ezantsi phaya. Kwaye uSathane wazama ukundibulala. Kwaye—kwaye, kakade, wayengenakho ukuyenza lonto. Hum-um. Hayi. UThixo wayengekagqibi ngam. Ke akanakuyenza kude kube kugqibekile. Xa uThixo egqibile, ngoko ndakuba ndilungile. Kodwa ndi... Umhlobo wam olungileyo, uMzalwana uWoods, ezantsi phaya, ziinceba zikaThixo nje, okanye ebeya kufumana ukusuka *apha* ezantsi, kwaye hayi ukusuka *apha* ukunyuka. Bekumalunga nezintlanu okanye ezintandathu itoni zogqabhuko dubulo *olwabakufutshane* nobuso bam, ngolwahlobo. Zange lundenze kwanto. Yabona? Lwakrwela ubuso bam kancinci. Ke, oko, kulungile, kugqithile konke ngoku, nje ichaphaza elishiyekileyo *phaya*.

⁷ Ke, ndifuna ukubulela uMzalwana noDade Dauch ngapha. UMzalwana uBrown, kunye nabo, abaqondayo ngencoko yomnxeba ukuba bahlangana kunye, iqela labantu, baze bathandaza ngam. Kwaye oko nje yinto ethile, yenze into ethile kuwe. Uyazi, uthandazela abanye, kunye nayo yonke into, kwaye xa ufumanisa ukuba umntu othile uyakuthandazela xa uwudinga, ithetha into enkulu. Kwaye ndiyazi abaninzi benu abatsalanga mnxeba, okanye nenye into, kodwa nenze nje ngokunye. Kwaye kuthetha lukhulu kuthi. Kwaye eso sisizathu sokuba ndi... ayikhange indivise buhlungu. UThixo undenze ndaphila. Kwaye ndinombulelo omkhulu.

⁸ Ngoku, ndinezaziso nje ngaphambi kokuba sinikezele aba bafo bancinci. Ngoku, ngobubusuku, kukho inkonzo emnqubeni. Kwaye nonke nina abathi beze apha emnqubeni, yizani kanye enkonzweni. Kwaye si... Ndizakuthetha endaweni kaMzalwana uRuddell, ngobubusuku, phezulu apha kwindlela ephakamileyo, omnye wabazalwana bethu abatyeleleyo. Kwaye emva koko, kamsinya emva kokuba ndibuyile, ukuba ndinobunye ubusuku, ndifuna ukuya kuMzalwana uJunie Jackson. Emva koko lamzalwana eSellersburg, simtyala ubusuku phezulu phaya, kwaye ke sifuna ukunyuka siye kumbona. Kunye nomzalwana ngaphaya e-Utica, singene kobubusuku njengoko sinokuba nakho.

⁹ Kule veki ndiyemka ndiya eGreen Bay, Wisconsin, njengoko nisazi, kwinkomfa yengingqi yeFull Gospel Business Men.

¹⁰ KwiCawa elandelayo, ndikwesasikolo samabanga aphakamileyo, khona phezulu phaya, ebendikuso kwixesha elidlulileyo phaya. Ndilibele igama leholo yentlangano

yesasikolo samabanga aphakamileyo. [Umzalwana uthi, “Mather.”—Mhl.] Yintoni? [“Mather.”] Mather. Stephen Mather. Ehe. Kulungile. Iholo yentlangano yesikolo samabanga aphakamileyo.

¹¹ Kwaye emva koko, ngoMvulo, ndikwinkomfa ngaphaya apho ndaba nengxoxo mpikiswano kunye nela qumru labalungiseleli baseChicago, kwixesha lokugqibela apho. Siphaya ukuya kumhlango kandlela-ntle kaMzalwana uJoseph Boze, oya eTanganyika. Tanganyika, ndiyakholwa uyibiza njalo. Kunye neKenya, kunye neDurban, kwaye ukutyhutyha apho, esenza amalungiselelo okuza kwemihlangano yokwindla yam; kunye nase Afrika, kudlulele eMzantsi Afrika. Kwaye sicela nina nisikhumbule emthandazweni kulemihlangano. Emva koko sibuyele emva.

¹² Kwaye andazi apho ndinexesha lokuyifumana, enye imini emnqubeni, okanye hayi, ngaphambi kokuya ngoko phezulu eNorth Carolina. Kwaye emva koko, ukusuka apho, siye eSouth Carolina. Kwaye emva koko konke ngaphaya ukuya eCow Palace eLos Angeles, eSouth Gate. Kwaye apho kulapho ndithemba ukufumana ukuya kubona uMnu. Weatherby, lowo wenza umpu ikhohlombe lagqabhukela kuwo.

¹³ Zange abuyisele isithuba sentloko emva kakhulu, aze ayeke ikhohlombe lityhalele emva endaweni yokuba liye phambili. Yayingumpu omdala endawuthumela nje kuye. Wawuthabatha wawugqobhoza, emva koko, waza wenza uhlobo oluthile olwahlukileyo lompu. Ndafaka ikhohlombe kuwo, ndema ukuba ndidubule, kwaye wa, kulungile, yagqabhuza umpu amashumi amahlanu omlinganiselo ukundijikeleza, ngolwa hlobo, wanyibilikela esandleni sam. Umva waphuma amashumi amahlanu omlinganiselo, isiciko sayokuhlabeke ngasemva emva kwendlu yexhama, amashumi amathathu, amashumi amane omlinganiselo emva kwam, amasuntswana eengeceba zentsimbi abhabha aza abetha ixolo lomthi lasuka kunye nento yonke engenye. Ke oko bekukufuphi ngolohlobo elisweni lam, nje i-intshi enye, apho yaphumayo ngolohlobo. Kwaye ukuba yayinokubetha. . .

¹⁴ Kwaye lampu ungamelana namakhulu angamashumi amathandathu anesithoba oxinzelelo, ngokwawo, ungasqabhuqi. Ke ungasfane ucinge kwakungakanani okwakukuwo, ukwenza lonto. Kwaye khumbula, ukuba ibinokubetha oko, ibinokubetha intloko yam kunye namagxa nawo, uyabona. Kodwa kwakume iNkosi apho, oko kwenza ukuba ingandivisi nabuhlungu, nje ukukrweleka ukunqumla ubuso. Kwaye encinci ingceba yangena phantsi kokubona kweliso lam, yenza isangqa ekuboneni, ke zange ichukumise ukubona, apho ingceba yangena khona. Enye yesuntswana elikhulu eyaxingayo elukhakhayini yajikela elisweni, ayizange ingene elisweni, noko. Owu, bethu!

¹⁵ Kungekudala, niyakhumbula, ndanixeleva Wahlangana nam egumbini, kwaye wathi, “Musa ukoyika, ngokuba obungenakusilela uBukhona bukaYesu Kristu bunawe ngonaphakade.” Yabona? Yabona? Ke oko kuyayingqina, ukuba uNguye.

¹⁶ Ugqirha owajonga elisweni lam eLouisville, wathi babhalela emva ku Gqir. Sam Adair ezantsi apha, isihlobo sethu, bathi, “Kuphela kwento endinokuyithetha, kukuba iNkosi yayihleli apho ngala ntsasa kunye nomkhonzi Wayo ukuba imkhusele, okanye ebengasayi kubanayo nentloko kunye namagxa ashiyekileyo.” Ke, Wayelunge ngenene kum, kwaye ndiyayibulela lonto. Indisondeza kancinci. Isoloko isenza ukwahluka okuncinci.

¹⁷ Kwaye emva koko, iintsuku ezimbini emva kwalonto, iintsuku ezintathu, emva kokuba ndisiya emhlanganweni wam, apho ndandicwangcisele khona eCanada, indoda, ngaphandle kokwazi nanto malunga noku, yanditsalela umnxeba, kwaye kwafanela imisele ixesha elizayo umhlangano. Yabona? Ndandisendleni phandle phaya, lento ayenzekanga nje ngolwahlobo. Yabona? Kwaye ngoko ndatsala umnxeba, kwaye kwafanela ndibe nomhlangano, umhlangano waseCanada. Kwaye lowo uyakuba ngoJulayi, iiveki zokugqibela kuJulayi. Emva koko ndiye eDawson Creek, emva koko ndiye Anchorage, Alaska, iNkosi ithandle.

¹⁸ Ngoku, namnye yalemihlangano endinokukhokelelwa ekuyeni kuyo, hayi nokuba ubemnye. Kodwa andinakucinga ngokuhlala apha ihlobo lonke, ndihlala apha, kwaye abantu besifa ndaweni zonke. Ndiya ukuya kuhlwayela iMbewu, naphina apho ikhoyo, nokuba kutheni. Ukuba ayintshuli, ukuba iintaka zezulu ziyayifumana, nokuba yintoni, ndifuna ukuhlwayela iMbewu, ngoba Undinike enye ukuba ndihlwayele. Ke ndi—ndizakuhlwayela iMbewu nakanjani. Ngoku, sinxesha apha lokuba ndi . . .

¹⁹ Abantu abaninzi, oko bakubiza, “bhaptiza” abantwana abancinci enkolweni yobuKristu. Ke, oko kulungile, ukuba uyakwenza oko. Kuxhomekeke kuwe. Kadade, abababhaptizi nam. Babatshiza nje ngamanzi phezu kwabo. Kodwa, kum, ndithanda ukuhlala nje noko iBhayibhile ithe makwenziwe. Ngenxa yoko, nje oko iLizwi likutshiloyo, yilonto endifuna ukuyenza, nje nantoni Elikutshiloyo. Kwaye, ngoku, ndi—andifumani nanye indawo eBhayibhileni . . .

²⁰ KwiTestamente Endala, bazisela abantwana ulwaluko lwenyama, amadodana amancinci, kwaye unina anikele umnikelo wentlambululo, amahobe amabini okanye imvana.

²¹ Kodwa, kwiTestamente Entsha, kuphela kwendawo endinoyifumana yokukhumbula lenkoko inkulu yo . . . Yayikukusikelelwa. Bazisa iintsana kuYesu, waza

Wabafunqulela ezingalweni Zakhe waza wabasikelela. Yilonto abazali bayenzayo ngomhla Wakhe. Kwaye ubomi Bakhe babungumzekelo woko kufanele sikwenze. Yabona? Ezi zinto Wazenzela umzekelo.

²² Ngoku, sithabatha nje abancinci, kwaye babazisa kuthi, kwaye sibasa nje kuThixo, size sicele iintsikelelo zikaThixo phezu kwabo, kwaye sithandaze umthandazo wokunikezela okusuka kunina nakuyise, uye kuThixo, njengoko benikezela umntwana wabo. Kwaye...okanye sibanikezele eGameni likaYesu Kristu, bade babe badala ngokwaneleyo ukuba babhaptizwe eGameni likaYesu Kristu. Kwaye ngoku, Wathi, “Nantoni na esiyenzayo ngelizwi okanye ngemisebenzi, masiyenze yonke eGameni likaYesu Kristu.” Ke—ke koko esinqwenela ukwenza.

²³ Kwaye ngoku, ngelixa udade eyakudlala ngokuzolileyo lengonyana, dade, sinayo apha, *Baziseni Bona Ngaphakathi*. Kwaye oonina nooyise abanabo aba bancinci abantwana abangazanga banikezelwa eNkosini, ukuba ningabazisa ngoku, ngelixa irhamente, sricula ngokuzolileyo kubo ngoku, iculo. Ehe.

Baziseni bona ngaphakathi, baziseni bona
ngaphakathi,
Baziseni abo bancinci kuYesu.

²⁴ Ndiyabathanda aba bafu bancinci. Kukho okuthile malunga nabo okulungileyo kakhulu.

²⁵ Ndiyaqikelela ngumTaliyane wenene lona. Akanguyanga? Kulungile. Usapho lwamaTaliyane, abambalwa babo abanikezelweyo. Udade womTaliyane omncinci osuka, owu, osuka eChicago, ulapha. Uthe, “Olu lusapho lwamaTaliyane, ngalentsasa, kodwa andizukushumayela.”

²⁶ Ngubani igama lakhe? Jonathan David, elinjani ukuba mnandi igama! Ngoku, Jonathan. Uthe uyise ube ene—enegama lesiTaliyane, kwaye ebe...Ufuna umntwana wakhe athiywe igama leBhayibhile.

²⁷ Uyazi, kwakukho omkhulu umTaliyane eBhayibhileni, ngegama elinguKorneli, ngelinye ixesha, niyazi. Wayenebutho, kwaye wayelungile, kwaye wayeliza abantu, xa wayengoweNtlanga, noko. Niyalazi ibali. Kwaye ngenye imini iNgelosi yeza endlwini yakhe, yamxelela ukuba athumele ezantsi kubizwe indoda eyayisazi inkqubo kaThixo. Kwaye ya...Niyalazi ibali. Ngelixa, wabenza abo bantu banokukona kuhlonipha uThixo! “Esawathetha uPetros laMazwi, uMoya oyiNgcwele wabawela.” Injalo lonto. Ndiyathandaza ukuba lomntwana uyakuba luhlobo olunye lomntu, igama elikwalinye.

²⁸ Jonathan, omhle! Ndingamphatha? Yiza apha, Jonathan. Bethu, elinjani inqatha leswekile lolusapho!

Masithobiseni iintloko zethu.

²⁹ Bawo wethu waseZulwini, iminyaka igqithile, njengebali endithe nje ndalicaphula, lendoda ebalulekileyo uKorneli, owayeyindoda elungileyo, ilungisa, eliza kwaye ethanda uThixo. Kwaye iNgelosi kaThixo yeza endlwini yalandoda. Owu Thixo, sinikezela kuWe, ngalentsasa, uJonathan David omncinci. Ndiyathandaza, Bawo waseZulwini, okokuba njengoko ndimthabathile ezingalweni zikanina noyise, abamnikezela kuWe... Ndinikezela ngalomthandazo wokunikezela ubomi balomntwana bube bubomi benkonzo kuWe, intsikelelo ekhayeni, ilitye elikhulu lokunyathela eBandleni. Siphe oko, Bawo. Ndinikezela kuWe uJonathan David omncinci, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

³⁰ UThixo akunike ubabalo Lwakhe kwaye ancede ukumkhulisa ekuhlonipheni uThixo.

Sikelelwa, Jonathan David.

³¹ Ngoku, lona, bethu, umncinci kakhulu, okanye ingaba nguye? Yena? Bethu, omnye umshumayeli ozayo, ndiyathemba. Ngubani igama? Micah. Micah. Ndithetha kuye ngalentsasa. Micah Edward. Edward, elo ligama elimnandi. Ngoku, umfazi wam angakwenza oku ngcono xa kufikelelwa ekubanjweni kwakhe, ngoba ndisoloko ndisoyika ndiyakubaphula xa bebancinci. Yabona? Enjani ukulunga into encinci, wona loo mehlo mancinci nje ejonge macala. Umncinci kakhulu. Mdala kangakanani? Inyanga enye ubudala.

Masithobiseni iintloko zethu.

³² Bawo waseZulwini, lamaqabana mabini kwakhona banyuka beze apha ukuza kunikezela kuWe iziphumo zomanyano lwabo lobomi Obanike zona, ukukhulisela ekuhlonipheni uThixo. Sikelela lo mncinci uMicah. Thixo, ndiyathandaza ukuba Uyakulenza indoda njengoMicah eBhayibhileni. Siphe oko, Bawo. Nikezela kuye iintsikelelo zikaThixo. Sikelela uyise kunye nonina, kwaye umenze impembelelo apha emhlabeni, ilitye elikhulu lokunyathela ngenxa kaKristu. Kwaye ngoku, sive, Bawo, ndizisa kuWe, ukusuka ezingalweni zikayise nonina, ukusa ezingalweni zikaThixo, uMicah Edward omncinci, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

³³ Yanga iNkosi ingamsikelela, sikelelwa, uyise nonina, bamkhulisele ekuhlonipheni uThixo.

Ndiyakholelwa yilonto. [Indawo engananto eteyiphin—Mhl.]

³⁴ Owu, ndiyabathanda nje bona abafu abancinci, nje wonke ubani. Oko, ngamnye kubo, ungomhle kakhulu ehlabathini. Akukho na sidingo... Xa ndazisa uJoseph omncinci ekhaya, oko kwaku, ngokunyanisekileyo, ngoyena mbi omncinci umfo endakha ndambona, kodwa unina kunye nam sacinga wayengunodoli. Kodwa leyo yindlela ekuyiyo, uyazi. Leyo yi... Sicinga nje oko.

³⁵ Ndiyacinga, ngale ntsasa, abanye bamalungu ethu apha. Kwakukho i—i... Ngoku, *eli* liso line linetyhefu kulo, elenza kubenkungu kakhulu. Kodwa Dade Nash... Ubuzile malunga noMzalwana Nash; andazi nokuba uyilungisile yonke na. Ingaba... Ingaba balapha? Owu, kulungile, ewe, ulapha. Mayibongwe iNkosi, Mzalwana Nash. Oko, kulungile.

³⁶ Ngoku, Dade Edwards, ingaba ulapha? I... Okanye, Dade Shepherd, obenencinci, intombi egulayo, iphilile ngoku? Kulungile. Ndizifumene iindaba, kwaye into ibimalunga nje nemizuzu emihlanu de ndabanabo abantu, ngaphandle kwesixeko, ukuba nodliwano-ndlebe. Ndabalekela egumbini ndaza ndathandaza, kwaye bathi umntwana wayenepolio, ingalo kunye nemilenze yayiqina. Kwaye ndabaleka ukuya kuthandaza, ndaza ndathi, “Ndiyakuza emva kwenkonzo.” Ndaxelela uLoyce ukuba atsale umnxeba aze axelele inenekazi ukuba ndiyakuba lapho emva kwenkonzo; ukuba liyandifuna, lindibize. Kwaye xa ndaya kuthandaza, uMoya wathi—wathi, “Akukho polio. Uyakuphila.” Ndehla, ke, sonke saba nomthandazo apha ebandleni. Oko kwayilungisa.

³⁷ [Udade uthi, “Mzalwana Branham?”—Mhl.] Ewe, mha. [“Besiyi kugqirha ngoMvulo, emva kokuba umthandazele okokuqala, kwaye inwebu esifubeni sakhe iphumile, imkile emqaleni wakhe.”] Mayibongwe iNkosi! Umthandazo uguqula izinto.

Uthi, akakho apha, ngale ntsasa, ukho, umkhwenyana? Ehe.

³⁸ KwiCawa egqithileyo, ixesha lokugqibela ndishumayele apha, iveki iCawa, kwakukho umfo omtsha ehleli apha; ndaqhubeka ndijonge kuye. Ndacinga, “Kufanele ndimazi la mfana.” Kwaye xa ndifumana, wayengunyana weqabana lam elidala lesikolo, uJim Poole. Ngokuba, sasikhuliswe kunye, ukusuka kumakhwenkwe amancinci, ukunyuka. Ngulowo ndabanengozi yokudutyulwa ngompu ngaye, ngelaa xesha, kwaye emva koko wabanaye eyakhe ngokwakhe, kwaye umhlobo wam. Ndiyathemba ukuba ndingayikhokelela la nkwenkwe kuKristu. Ndanzama uyise kanzima. Ndiyakholwa ndiyakuyenza, okwangoku, ndiyakumgenisa ngaphakathi. Ndiyathemba ndingamkhokela la mfana mtsha. Une... ndajonga ngokujikelezileyo kuye. Wakhangeleka ngonokulungileyo, endiyibiza ngoku (ungenzi okukuphawula nakubani ongomnye), kodwa, ukungcangcazela komoya wakhe, ukuziba okumnandi. Ndiyakholwa akuyikuthabatha thuba elide ukukhokelela la nkwenkwe kuKristu. Ke masithandaze ngayo. Oko kulungile.

³⁹ Kwaye, mzalwana, yabona, omnye othile ongomnye ebegula, okanye into ethile, endizama ukucinga ngayo.

⁴⁰ Kodwa, sithandaza ngabo bonke. Kwaye xa ngamanye amaxesha... Xa nithumela isicelo, khumbulani, kwamsinya

ndisifumana...Umfazi wam usesakhiweni ndaweni ithile, ndiyacinga, ke uyazi. Kwamsinya njengoko ndifumana isicelo, kanye ngqo ndiya kwigumbi lam lokuzifihla, ndiye emthandazweni, kwaye ndihlale apho de ndive into ethile. Andinikezeli nje.

⁴¹ Ngenye imini, xa uSam, Gqir. Sam, wakhupha lanto elisweni lam, wayezama uku, kwaye yamvisa kabuhlungu kakhulu, kwafanela abeke itawuli phezu kobuso bam. Wathi, “Andinakujonga igazi lomhlobo wam.” Wathi...Kwaye ndandihlanjwa kulo, uyazi. Wathi—wathi, “Andinakho nje ukuyenza lonto ndize ndisebenze kuyo.” Yabona? Kwaye wayikhupha lanto ngaphandle. Kwaye kusuku olulandelayo wayesesibhedlela. Ke ndathandaza ngaye, waza waphuma elungile.

⁴² Kwaye kusuku lwesibini, umfazi wakhe, bebengazi nokwazi okungalunganga malunga naye, becinga ukuba ungenwa yipolio. Yabona? Wathi, kwaye wathi...Ndathandaza ngaye, kwaye ngoku usekhaya uphilile. Ke sangena egumbini, uGqir...Saya e-ofisini, kwaye wa...Satsala icango kunye, wathi, “Ngoku, Mzalwana Bill, ndizakubuza into ethile.” Wathi, “Ungathandaza ngam noBetty?”

Ndathi, “Masi. Masithandaze.”

⁴³ Ke, ngulowo iNkosi yambonisa umbono, apho afanele ukwakha ikloniki. Wena, uyakhumbula ibali. Ukuba wakhe wayithandabuza, yiya uze ubuze kuye ngelinye ixesha. Ehe, wathi nje, “Makathi wonke ubani eze.” Wathi, “Ndiyixele kumawaka alishumi abantu.”

⁴⁴ [Umzalwana uthi, “Mzalwana Branham?”—Mhl.] Ewe, mzalwana. [“Kwabo balapha ngalentsasa kwaye ukubeka ukholo olungaphezulu kwintliziyoyomnye: kwintsasa yeCawa yePasika, ubize umphefumlo olungileyo apha, owesithathu, owayeyindoda. Wathi ungowaseSeymour. Kwaye wathi, ngentambiso kaMoya oyiNgcwele, ‘Bakubiza, “Bill.” Ndiyayazi lo ndoda. Ndiyazi kakuhle kakhulu. Kwaye emva kokuba simkile apha, igama layo ngu Isaac. Bambiza ngo ‘Bill.’”] Ewe, mhlekazi. Yabona?

⁴⁵ Elona gama layo ngu Isaac. [Umzalwana uthi, “Injalo lonto.”—Mhl.] Kodwa bayibiza ngo Bill. [“Injalo lonto.”]

⁴⁶ UMoya oyiNgcwele awenzi mpazamo. Ungongenakusilela. Ngoku, oku, umntu othile ebethetha, wathi...“Ndi—ndinamashumi amahlanu anesithathu, kunye nesithathu, malunga namashumi amathathu ananye eminyaka, ndisemva kweqonga, kwaye ndimbonile Yena kwishumi lamawaka ezinto.”

⁴⁷ Izolo, bendisezantsi, ezantsi kakhulu, emazantsi Kentucky, kanye kumda weTennessee, kwaye bendihleli esikhepheni kunye noMzalwana uDaulton, lowo iNkosi yamnika bonke abantwana

bakhe. Niyakhumbula intsasa apha, xa waqalisayo. Kwaye wathi, “Mzalwana Branham,” wathi, “Ndicinga kuyakubanzima kuwe ukuqikelela.”

⁴⁸ Ndathi, “Owu, Mzalwana Daulton, amashumi amawaka aphindwe ngamashumi amawaka ezinto ezinjalo.”

Wathi, “Kutheni ungazami ukubhala incwadi” (ndathi. . .) “yazo?”

⁴⁹ Ndathi, “Owu, bethu, Mzalwana Daulton, ibiya—ibiyakunqumleza esisikhephe apha, intyilalwazi, nje imiqulu yeencwadi ezoko ndakubona iNkosi izeza. Kwaye akukho nalinye ixesha Awakhe wasilela, yabona, nalinye ixesha; kodwa, ngokugqibeleleyo xesha ngalinye.”

⁵⁰ Ndiyabona, ndiyakholwa ngoku, ukuba andiphazami, intombi kaMzalwana uShepherd, inxibe uhlobo lelokhwe ekhangeleka orenji. Ndiyacinga oko. Ndema ngakuye, ngenye intsasa. Wayesihla, kwaye ndacinga ndingabe ndikhwelisa intombi engeyiyo, ke ndemka. Ke lowo yayindim lowo wemayo, dade. Nda—ndacinga ibiyintombi kaMzalwana uShepherd, kwaye ndiyakumkhwelisa, ngoba ndacinga mhlawumbi imoto yakhe makube yonakele okanye into ethile. Sasiya, kuthabatha uBecky. Kwaye ndacinga isenokuba yintombi engeyiyo. Kodwa ngoku ndiyabona ehleli kunye nabo phaya, ke ndi—ndiyakholwa ukuba yayiyintombi eyiyo. Ke lowo yayindim owamisayo phezulu phaya ndaza emva koko ndahamba.

⁵¹ Ke, wonke ubani uyayithanda iNkosi uYesu? Owu, ummangaliso! Oko kulungile nje kwaye kuhle. Amen.

⁵² [UMzalwana uNeville uthi, “UMzalwana Willard usandula ukungena.”—Mhl.] Kulungile, Mzalwana Willard, siyavuya nje ukuba nawe ngaphakathi. Kwaye ukhangeleka umhle kakhulu, nawe, okungcono endinokubona. Ngahlobo luthile sobabini sasifufumele, ukujikeleza ubuso. Ndikhangeleka ngathi ndibethwe ngegceweleyo yayo. Kwaye ndimbonile uMzalwana Willard ngoba busuku, xa wayelele, kwaye ukunyaniseka ukuya kukulunga, wakhangeleka mbi. Kodwa ukhangeleka mhle kakhulu ngale intsasa. Kwaye sinikeza imibulelo nombongo kuThixo ngayo, mzalwana. Amen. Ewe. Uyazi, umtyholi akanakusibulala de uThixo athi, “Yizani.” Ngoko sifuna ukuya, akunjalo, Mzalwana Willard? Injalo lonto. De kube ngoko uzama nje ngelize. Yilonto kuphela. INkosi Yesu ngumncedi wethu kunye negwiba lethu.

⁵³ Ngoku apha ndithetha kade apha, xa bendinokuba neeyure ezintandathu nje zokushumayela ngalentsasa. Yabona? Nje. . . Ngoku, asikhange siqaphele, asithumelanga matikiti, kunye nezinto, ngoba sendipapashile andizukuba lapha. Kodwa, ukuza nje ezantsi kwaye ndincele uMzalwana Neville, ndifumane ukunibona nonke kwakhona, ndize ndibe nexesha elincinci lokudlelana.

⁵⁴ Kwaye ngobusuku ngeCawa ephelileyo, uMzalwana Roy Roberson, andazi nokuba ulapha ngaphakathi, okanye hayi. Andikwazi kwenza ngokwaneleyo ndibone ukuba ulapha. Unditsalele, ebendixelela ngoMyalezo.

⁵⁵ Kwaye othile utsalile, wathi, “Bendingazi xa ubuthetha malunga no “Thixo usinika zonke izinto.” Yabona? Wayenza. Wasinika ubomi. Sazama ukubuthenga. Wasinika uthando. Sazama ukuluthenga. Wasinika uvuyo. Sazama ukuluthenga. Wasinika uxolo. Sazama ukuluthenga. Akukho ndlela yozithenga. Akunakuzithenga.

Emva koko ndathi, “Wasinika ukufa.”

Othile watsala, wathi, “Mshumayeli, bendingazi ukuba ububhekisela ngaphi ngala nto.” Wathi, “Ndacinga, ‘Uh-oh, apha Mzalwana Branham wazibophelela ngelaxesha.’” Hayi xa iBhayibhile isitsho njalo. Yabona? IBhayibhile ithe Wasinika ukufa.

⁵⁶ Ngoku, singenza ntoni ngokufa? Uyazi, uPawulos esiya ekufeni, wathi, “Owu kufa, luphi ulwamvila lwakho?” Ukufa akusilawuli. Siyakulawula. Kunjalo. Zonke izinto zinikwe thina.

⁵⁷ Kwaye ngoko ndanika ingcaciso yokuba kanjani la Sirayeli, kuhambo lokuya kumhlaba wesithembiso, abazange bawubona loo mhlaba. Babengazi nto ngawo. Babenesithembiso nje sikaThixo, kwakukho umhlaba, kwaye wawuzele lubisi nobusi, kwaye ulungile, kwaye—kwaye indawo enkulu. Kwaye wawu. . . Abazange bawubone wona. Akukho mntu wakhe waphaya, wazi nanto malunga nawo. Kodwa babenesithembiso sawo. Kwaye ngokholo babangabahambeli entlango.

⁵⁸ Kwaye xa bafikayo kanye kungca womda, babenomlwi phaya ogama lingu*Yoshuwa*, elithetha, “Yehova Msindisi.” Ke wanqumla iJordane, ukuya kwilizwe lesithembiso, wazisa ubungqina bokuba ilizwe laliphaya. Ndiyayithanda lonto. Kwaye yayingumhlaba omhle. Amadoda amabini athwala isebe elinye lediliya. Yayingumhlaba omhle, ke wazisa ubungqina bokuba umhlaba ababesiya kuwo ukuwuthimba wawulapho.

⁵⁹ Ngoku, eBandleni, singabahambeli kuMhlaba wokungafi, uMhlaba apho kungekho kufa, uMhlaba apho abafileyo bevusiwe. Kwaye sibe noMsindisi omkhulu kwinkampu yethu. U*Yesu* uthetha “Yehova Msindisi,” Othandekayo. Kwaye Wanqumla iJordane yokufa, ngaphaya ukuya komnye uMhlaba, waza wabuya, waza wazisa ubungqina bokuba siyaphila emva kokufa. Amen. Ngoko kuphi ukufa?

⁶⁰ Kwaye emva koko Wasinika zonke izinto. “Ngoku sinokungafihlisi ngelifa lethu. Kangangokuba. . .” Ngoku phulaphulisisa. Kwaye andizukushumayela ngaloo mxholo, kodwa ivakala kamnandi kum kanye ngoku. Yabona? Oko, sinokungafihlisi ngoko. Kuba, ngenye imini sangena esonweni;

kwaye emva kokubhaptizelwa eGameni Lakhe, saza savuswa kunye Naye eluvukweni, sikhutshiwe esonweni, sokuze nakanye sifune ukubuyela emva kwakhona. Yabona? Sivusiwe esonweni, kunye nobungqina esinabo. Ngenye indlela siseluvukweni kuko konke ukufa. Yabona? Ukuba singavuka esonweni, ngokholo kuYe; kwaye kukho isono, ngubani ongafuna ukubuyela emva emgqomeni wenkunkuma wesono kwakhona? Yabona? Sidlulile ekufeni sangena eBomini. Yabona? Kwaye oko kukungafihlisi. Amen. Kukungafihlisi kokuphelela kovuko. Konke ukufa, enyameni kunye nasemoyeni, sikoyisile ukufa ngokomoya, ngoba sidlulile ekufeni sangena eBomini.

⁶¹ Kwaye njengoko u-Eliya wehla waya eJordane ngenye imini, waza wayibetha, kunye no Elisha, kwaye yabuya umva, waza wawelela ngaphesheya. Wabuya nesahlulelo sesibini.

⁶² Kwaye xa sibetha iJordane, noKristu, safumana isahlulelo sesinye, kodwa xa sibuya, sibuya nezahlulelo ezibini. Safumana uBomi obunguNaphakade, uvuko ekufeni, ngoku, ebulungiseni kunye noMoya oyiNgcwele. Kwaye emva koko ekubuyeni, kunye noKrsitu, sibuya nazo zombini uvuko enyameni, kwaye sesinalo uvuko ngokwasemoyeni. Sinesahlulo sesibini saso. Soloko ingumzekelo kaKristu kunye neBandla: U Elisha kunye no Eliya.

⁶³ Owu, andifuni kuqalisa kokuya. Bethu, bethu, bethu, asisokuze sifike kweziyure zintandathu zoMyalezo apha. [UMzalwana Neville uthi, “Inyama ethanjani, okwangoku.”—Mhl.] Ewe. Bethu! “Inyama ethanjani,” Mzalwana Neville. Ndisaligrenya. Owu, anivuyi? [IBandla lithi, “Amen.”] Yabona? Asinalo . . .

⁶⁴ Akusayi kubakho kukhathazwa kwakhona. Ukufa akuyonto. Sinako. Kokwethu. Akunakundilawula. Ndiyakulawula. Njani? NgaYe Owandenza umeyisi, ngokuba sendikoyisile ukufa. Ndiyenze njani lonto? Ngokukholelwa kuYe. Yabona? Ukufa kusesonweni, ukungakholwa. Andingongakholwayo. Ndilikhola. Ndivukile kulanto, ndivukile. Kukungafihlisi kolupheleleyo lonke olwam lwasenyameni, moyeni uvuko, yonke into. Ewe, mhlekazi. Uyayifumana? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ke sinako ukufa phantsi kolawulo lwethu, ngoYesu Kristu Owakoyisayo ukufa, isihogo, ingcwaba, ukugula, intsizi, yonke enye into, woyisa phezu kwako konke.

⁶⁵ Kwaye ngoku sivusiwe kunye Naye, sihleli kwezasemaZulwini iindawo, ngentetho yakwamoya, kuKristu Yesu, kunye nezinto zonke phantsi kweenyawo zethu. Nkqu novuko lwasenyameni luphantsi kweenyawo zethu, ngoba sikuKristu. Niya—niyayifumana? Ukuba nenza njalo, phakamisani izandla zenu. [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Amen. Kulungile oko. Oko nje niyifumana lonto, kulungile.

Yabona? Sanuku...Ngoku hlalani niyigcine ezingqondweni zenu. Yabona? “Sidlulile ekufeni sangena eBomini,” enyameni, moyeni, nayiphina indlela.

⁶⁶ Kwaye yonke into, kwaye zonke izinto, zezethu ngoku. Ngokuba, ilizwe phandle apha lithi siphambene, kwaye noko umhlaba wonke ngowethu. Uzakuwudla njani ilifa?

⁶⁷ Xa, njengoko nditshilo, u-Abraham, yabona, wayesemhlabeni wesithembiso; uThixo wawunikela kuye. ULote wathatyathwa ngabakreqi abathile abangaphandle komthetho, bamka naye. Lowo yayingumtshana wakhe. Kulungile. Yonke into eyayikulamhlaba yayiyeka Abraham. Ke, wayengengomlwi. Wayengazange alwe. Wayengenabo kwaphela abalwi. Wayenezicaka ezithile. Kodwa xa wabona lanto ithile, umtyholi, ufikile wazokumkhuthuza into ebisisithembiso kuye, waxhobisa izicaka zakhe waza waqubula izikrweqe naye. Wayengazi ukuba uzakuyoyisa njani lentlangano idibeneyo yookumkani. Nje ibathwana lezicaka, kodwa uThixo wamxelela ukuba makenze njani. Wazahlula, waza waxabela ookumkani, waza wabuya oyisile. Ngokuba? Wabeka ukholo lwakhe phezu kwesithembiso sikaThixo sokuba yonke into kula mhlaba yayiyeyakhe, kwaye uLote wayeyinxalenye yayo, injalo lonto, wayeyinxalenye yomhlaba. Owu, bethu!

⁶⁸ Kwaye apho wahlangana noMelkitedeki, emva kokuba idabi ligqithile. Ingaba ungambona nje u-Abraham esiza ngendlela? Wayengazi ukuba ngumlwi, kodwa wazi ngoko ukuba wayenguye. Ewe, mhlekazi. Kwaye wadibana naLowo Owanika isithembiso, Melkitedeki.

⁶⁹ Ngoku masifunde okuphuma kwiNcwadi ka Amos. Ndzakuthetha ngalentsasa; hayi iiyure ezintandathu, nangona. Ndiyathemba akunjalo. Yabona? Ku—kumxholo, lowo, *Indlela YoweNyaniso Umprofeti*. Kwaye ngobubusuku, iNkosi ithandile, ndzakuthetha kwi, *Hlisa Uxinzelelo*, kwaye ke i—iNkosi ithandile.

⁷⁰ Ngoku, ndaziwa ngokuba ngumgxeki, kodwa a—a—andingomgxeki, kuphela nantoni na engalunganga. Kodwa mna, thina, kufanele sigxeke okungalunganga.

⁷¹ Ngoku, ukuba nizakuvula izishicileli zenu ziqhubeke ngoku, egumbini, kutheni, kulungile. Ndifuna ukufunda ngoku ku Amos, isahluko sesi-3. Okanye i...Ewe. Isahluko sesi-3 sika Amos, nje isiqwengana saso, Amos isi-3.

Liveni eli lizwi alithethileyo uYEHOVA ngani, Owu nyana bakaSirayeli, ngayo yonke imizalwane endayinyusayo ezweni laseYiputa, lisithi,

Ndazé nina nedwa emizalwaneni yonke yehlabathi: ngenxa yoko ndiya kubuvela kuni... ubugwenxa be—nu.

Bakhe bahambe ndawonye na ababini, bengavani?

Ikha ibharhule na ingonyama emhlabeni, ingenanto iyiqwengayo? ingonyamana entsha ikha igqume na emgolombeni wayo, ingabambanga nto?

Ikha yeyele na intaka esibatheni emhlabeni, kungekho sango liyithiyeleyo? ingaba ukhona na owothatha umgibe emhlabeni, ungabambisanga nokubambisa?

Khona khe sivuthelwe na isigodlo phakathi komzi, bangothuki abantu? khe bubekho na ububi phakathi komzi, kwaye engabenzanga uYEHOVA?

Inene iNkosi . . . ayikhe yenze into, ingathanga ityhile iimfihlelo zayo kubakhonzi bayo abaprofeti.

Ingonyama ibharhule, ngubani na ongayikoyika? INkosi uTHIXO ithethile, ngubanina ongayi kuprofeta?

⁷² Amehlo akhe kufanele ukuba ayencwiniwe, njengoko wayeme ngaloo ntsasa endulini nje ngaphesheya kweSamari. Ndiyazibona ezo zandla zakhe zigadalala zihamba kwezondevu zakhe zingwevu. Ilanga elishushu laligqatsile. Waye engekho mbeje mbeje ngenkangeleko. Zahluke njani kwabanamhlanje abavangeli! Iimpahla zakhe zazidlakadlaka; indevu ezikhangeleka dlakadlaka. Kwaye wakhangeleka ezantsi phezu kwalomzana iSamari, amehlo akhe esiba buncwinwa njengoko ejongile. Wayengatsali mdla ngenkangeleko, kodwa waye no ITSHO INKOSI ngesa sizwe.

⁷³ Yayi, mhlawumbi, okwahluke kakhulu kulomkhankaso uzayo, oko iNkosi yayimthumelele kona eSamari, kunoko abethu abavangeli balemihla abanokuba yiyo. Wayengaxhotyiselwanga imvuselelo enjalo, njengoko sinokucinga ukuba ufanele abenjalo namhlanje. Kodwa khumbula, wayengengomvangeli walemihla. Wayengumprofeti. Wayengakhathali malunga nesixhobo sokusebenza salemihla. Waye no ITSHO INKOSI.

⁷⁴ Wayengakhathali ukuba ukhangeleka njani, nokuba unxiba kangakanani ngokwefashoni, nokuba inwele zakhe zazikanyiwe kakuhle, okanye nawuphina umntu umjongile okanye hayi. Waye eneLizwi leNkosi. Oko kwakungumdlawakhe ozeleyo: zisa ela Lizwi leNkosi. Yayingubani lo mfo? Aha. Yayingu Amos, umprofeti, ogadalala umntu, kodwa esazi apho ame khona. Wayesazi oko wayekwenza. Wayengumprofeti wenyaniso weLizwi. Kwaye isizathu sokuza kwakhe kulomzana, kungokuba iLizwi leza kuye.

⁷⁵ Kwaye xa iLizwi leNkosi lisiza kumkhonzi wenyaniso, kufanele aye, kungakhathaliseki meko, okanye kungakhathaliseki bunzima. Kufanele aye, nakanjani. Nokuba ukulungele, nokuba uziva ethanda, nokuba uyafuna, nokuba nayiphi enye; kufanele aye, nakanjani. NguThixo othethayo, kwaye kufanele athwale loMyalezo. Ngokuba, ngu . . . Akazange

ayele ubudenge. Zange ayele imali. Zange ayele udumo. Uya kuphela eGameni leNkosi, into enye. Uno—nomsebenzi, kwaye uthunywe yiNkosi. Kwaye uliLizwi likaThixo, ngokuba uthwele iLizwi leNkosi. Lowo ngowenyaniso umprofeti weNkosi.

Isicatshulwa sam: *Indlela Yowenyaniso Umprofeti KaThixo.*

⁷⁶ Lo omkhulu, indoda engoyikiyo kaThixo waprofeta ngeentsuku zika Yarobheham wesibini. Ndine nxenye yakhe yembali ibhaliwe apha phambi kwam. Waprofeta malunga neshumi elinesithathu leminyaka yomkhankaso wakhe. Kwaye uYarobheham, yayinguYarobheham wesibini, wayemalunga nje nokuba semgangathweni kwaye indoda enolwazi njengoko uSirayeli wayenawo ithuba elide. Wayeyindoda eyazisa indyebo kwaSirayeli. USirayeli wayetyeba nganxa zonke. Kodwa, waye, kwakukho into ethile engalunganga kunye naye. Wayengumnquli zithixo.

⁷⁷ Kwaye ngahlobo luthile ndifunda oku, ngenye imini, ngahlobo luthile ndaba nokucinga okokuba oko kwakufanele lo mhla. Akukhathaliseki nokuba isemgangathweni kangakanani indoda, nokuba ingenza kangakanani na, nokuba ityebe kangakanani, ukuba iyemka kuThixo, ilityala esizweni, kude kuThixo nakwiLizwi Lakhe. Andazi nokuba ayinxibelelani nathi, namhlanje, kumntu othanda ukuhlala kumabonwakude aze abonise ukuba usemgangathweni kangakanani, bungakanani ubuchopho abanabo. Kodwa andazi nokuba banobaneleyo bokuthabatha u ITSHO INKOSI. Waye yindoda esemgangathweni, kulungile.

⁷⁸ USirayeli wayekwimeko yokuwa. Abashumayeli bakhe, ababingeleli bakhe, kwaye futhi norhulumente wakhe, bonke babelishiyile iLizwi leNkosi. Ngoku, babengayikholelwa lonto. Babekhohlelwa ukuba babekunye neLizwi leNkosi. “Kodwa kukho indlela ekhangeleka ilungile emntwini, kodwa isiphelo sayo yindlela yokufa.” Kutheni babengalunganga? Kutheni indoda inokukholwa lonto—lonto—lonto ukuba babelungile? Ububingeleli bonke bamadoda, amawaka abashumayeli kunye nababingeleli, kunye nookumkani kunye neerhuluneli, bonke ababezibiza ngokuba ngabanquli bakaThixo, kwaye, noko, bonke kubo babengalunganga.

⁷⁹ Ngoko, babengadingi kumkani ukuze batyebe. Into ababeyidinga yayingumprofeti, ngokuba iLizwi leNkosi, okanye utoliko lweLizwi likaThixo, liza kumprofeti wenyaniso. Ngamanye amaxesha ungabona yeyiphi indlela yakhe ngoko. Yindlela egadalala kakuhle, xa bonke ababingeleli, kunye nabo bonke abashumayeli, kunye—kunye—kunye nabavumisi, kunye—kunye norhulumente ngokwakhe echasene naye. Kodwa, noko, iLizwi leNkosi liza kumprofeti, kwaye yena yedwa. UneLizwi elililo. Nangona eneBhayibhile enye ababenayo, kodwa iLizwi lalikusye. UThixo wayengqinela ukuba unalo iLizwi.

⁸⁰ Babenezona zakhiwo zikhulu kunye nemigaqo yezenkolo, nanjalonjalo, ababekhe banazo, izakhiwo zezibingelelo yonke indawo, kunye—kunye neentlobo zonke ze—zezinto, kodwa noko babezigidi zeemayile ukusuka kwiLizwi likaThixo.

⁸¹ Ndinga, ngokwam, umfanekiso unganxibelelana kakuhle kakhulu namhlanje, njengoko ndifunda leNcwadi ka-Amos. Kufanele uyifunde xa usekhaya. Wonke urhulumente, babingeleli, bonke babo babelishiyile iLizwi likaThixo.

⁸² Ndingathanda nje ukufunda esinye isiqwenga seSibhalo apha, ndinaso, ukubonisa apho bayenza khona. Ngoku masifunde isahluko sesi-2 kwaye umqolo wesi-4, nje umzuzu.

Utsho uYEHOVA; Ngenxa yezikreko ezithathu zakwaYuda, kunye nezine, andiyi kubuyisa umva isohlwayo sako; ngenxa yokuwucekisa kwabo umyalelo kaYEHOVA, . . .

⁸³ Elo liLizwi, balicekisile Lona, kwaye noko bacinga ukuba babenalo Lona.

. . . abayigcina imimiselo yam, kwaye ubuxoki babo babaphambukisa, . . .

⁸⁴ Ngoku, babenalo iLizwi, iBhayibhile, kodwa ubuxoki abaLibandakanya nabo babenza baphambuka.

. . . emva . . . ababelandela yona ooyise:

⁸⁵ Yabona isizathu? Ngoku, babephambukile ngokuba bafaka eyabo inguqulelo okanye utoliko eLizwini. Kwaye ndacinga yayinxibelelana kunamhlanje, njengoko abaninzi befuna ukufaka olwabo uluvo eLizwini, kwaye singena kwimbutyulelo. Okunjani ukukhalinyelwa kusuka kuThixo, lomprofeti wayenako.

⁸⁶ Ngoku, u-Amos wayengumprofeti kaThixo, umprofeti wenyano. Nayiphi indoda eyakhe yafunda ngo Amos iyazi ubungqwalalala baloo mfo ungowikiyo kaThixo. Ubalelwa kwabanye babaprofeti abancinci, kuba akazange ahlale xesha lide, kodwa ngokuqinisekileyo wabeka izembe ezingcanjini zomthi. Wayengomnye wabona bangoyikiyo abaprofeti, kwaye uza nentambiso. Uza no ITSHO INKOSI. Wayeyazi into athetha ngayo, ngokuba intambiso kaThixo yayiphezu kwakhe ukuzisa utoliko oluchanekileyo lweLizwi likaThixo.

⁸⁷ U-Amos uphuma ephandleni, entlango, ukuya kumzana wobunewunewu. Akazange waba lapho ngaphambili. Wayeyinkwenkwe yasemaphandleni, emva kude ngaphandle entlango. Ngelixa wayesemva phaya ethandaza, uThixo wadibana naye, kwaye wamxelela ububi besisizwe sobunewunewu awayeyinxalenye yaso. Kwaye iSamari yayilikomkhulu, elinye lamakomkhulu ngeloxesha, kwaye ngolawulo luka Yerobheham.

⁸⁸ Kwaye xa wemayo apho ngaloo ntsasa, encotsheni yenduli, ehamba kunye neyakhe endala, engacacanga, impahla yasemaphandleni, mhlawumbi uthuli nodaka ezinyaweni zakhe, kwaye apho wayelele khona ngalo ngubo indala idlakadlaka, ubusuku emva kobusuku. Kwaye andazi, wayengena bhafu ngaloo mihla. Isenokuba mhlawumbi yayiyimihla embalwa wabhafayo. Kodwa oko akuvisi kabuhlungu ingaphakathi lomntu. Ngokugqithisileyo, ngemini, ukulungisa umphandle, kungekho kwaneleyo ngaphakathi. Sikhathala kakhulu malunga nokuba sibhafile ngosuku ngalunye, kwaye inwele zethu zihonjisiwe, kwaye iimpahla zethu ziguqulwe, kunye nento yonke, kwaye emva koko siyeke ingaphakathi liye nangaphi, sinxibe ezindala iimpahla zesono, sinukisele umphefumlo ngemithetho yenkolo nemigaqo, kwaye singaze siyiphande size siyihlambe eLizwini lamanzi wokwahlula, kwizinto zelihlabathi.

⁸⁹ Njengoko wema ngalaa ntsasa, ejonge ngaphaya kwenduli, kulaa mzana unewunewu, uzele zezanamhlanje izinto angazanga waphupha ngazo ukuba kukho izinto ezinjalo. USirayeli wayesekuphakameni kwakhe. Wayesekumanyaneni kunye nezizwe ezimngqongileyo. Okuhle kakhulu, abafazi benxibe ukuya kwisingxi, kunye na—namadoda. Kwaye beqweqwediswa lulonwabo, bebalekisa imidyarho, kunye nokhuphiswano lwemidlalo, kunye nento yonke iqhubeka. Akumangalisi amehlo akhe ancwinwa; hayi bubunewunewu bomzana, njengabanye abatyeleli babeyakwenza, ukuza eNew York, okanye eLos Angeles, bebona abanxibe ngokungaphelelanga abafazi, amadoda eqhubekaka, kunye nesono.

⁹⁰ Ezinye izihlobo zam, kwiintsuku ezimbalwa ezidlulileyo, zazibuya kuhambo lokuloba, nje phantsi kwekholeji yeBhayibhile yenkulu, edumileyo ikholeji yeBhayibhile. Kwaye apho, kulele endleleni, kwikhula, iintombi ezisentsha, zinxibe ngokungaphelelanga, kunye namakhwenkwe asematsha, mhlawumbi abafundi kwanokholeji, besela kwaye beqhubekaka, ngokoyikekayo.

⁹¹ Ngoku, okwakuqhubeka ngathi kokuya kunyumbaza umdla wamaninzi amaMerika azibiza ngokuba ngamaKristu. Xa wamanga ezantsi eLos Angeles, okanye ndibabukele bona kwinqwelo-moya xa sisiza eLos Angeles; abazange baphaya ngaphambili; okanye eHollywood, okanye—okanye eFlorida kunye nazo zonke izibane zabo zeglobhu phezu kwe—kwemithi yosundu. Owu, bayakubhukuda impumlo zabo ngokutsha, baze balungise iziqabi buso. Babecinga ukuba yayiyeyona nto inobunewunewu abakha bayibona. Kwaye babona ohonjisiweyo waza wanxiba, ehamba ngesitrato, bafuna ukuya phaya ukuze babone bangazipitsa kangakanani ngempahla, okanye bazibhija

bhije ukuhla benyuka ngezitrato. Xa, becinga oko ukuba yinto emangalisayo.

⁹² Kodwa loo mehlo athanjisiweyo nguThixo aloo mprofeti akazange ancwinwe ngenxa yobunewunewu, njengabanye abatyeleli, kodwa ekonakaleni kwezimilo, ukuya kubantu ababebizwa njengabasikelelweyo bakaThixo. Amehlo akhe ayengajonganga kubunewunewu. Ayengancwinwanga ngenxa yobunewunewu. Kwakungenxa yoku—uku—ukungcola nokonakala kwabantu ababebizwa ngokuba ngabanyulwa bakaThixo, kwaye besenza ngendlela enjalo. Akumangalisi, wathi, “Ingonyama iyagquma, ngubani ongayi koyika? UThixo uthethile, kwaye ngubani ongayi kuprofeta?”

⁹³ Wabona ukonakala, ukubola. Yilonto awayejonge kuyo. Kuxa wabona konke kokuya. Akuzange kwamtsala. Kwamgulisa emphefumleni wakhe. Ngokuba? Wayengumprofeti. Wayesazi oko uThixo akuthembisileyo ukukusikelela, noko intsikelelo yayikuko, nendlela abantu abenza ngayo ngentsikelelo. Kwaye umtyholi wagqwetha ngomhla wakhe, koko intsikelelo yenene iyiyi, ukuyisa eku—ku—kubola kwezimilo; intsikelelo ukuya kunyumbazo lwamehlo kunye nokurhalisa abantu abanguqukanga, kwintando nakwindlela kaThixo, kunye nendlela kaThixo yobomi.

⁹⁴ Okunjani ukufana nanamhlanje! Indlela abashumayeli abanokuma epulpitini, baze bajonge kwisono kunye nokonakala kwelihlabathi, baze babone abantu abenza kwaye baziphathe ngendlela abenza ngayo, baze emva koko nje babasikelele ngokuba bangamalungu ecawa yabo, okanye ihlelo, ingaphezulu kokunokuqondwa ngumphumlo wam.

⁹⁵ Xa uThixo ethetha, profeta! Ukuba uMoya kaThixo ubethe umprofethi ongowenene kaThixo, uyakukhwaza ngeLizwi. Andifuni kuba ngumgxeki, kodwa ngubani ongathulayo? Ngubani ongema ajonge phezu kwento enjalo, aze azibize ngokuba ngumkhonzi kaKristu, kwaye angayichazi? Andikhathali nokuba liyakuthini ihlelo, okanye naliphi ibandla liyakuthini; seso sizathu ndingengowawo. Bayakukhabela ngaphandle, into yokuqala. Kodwa iLizwi likaThixo liza kuqala. Ukuba ungumthunywa, unento yokutsho. Ukuba utsho nantoni na echasene neLi Lizwi, akungomthunywa ovela kuThixo; ungumthunywa womnqophiso wehlelo elithile okanye inkcazo eyingcingane. Kodwa umthunywa kaThixo uneLizwi likaThixo.

⁹⁶ Kwaye umhlobo wethu, ngale ntsasa, njengoko sijonge kuye, wayeneLizwi likaThixo, ngokuba wayengumprofeti ongowenyaniso weNkosi.

⁹⁷ Ngoku, bacinga ukuba bano—notoliko kuyo, kwaye bacinga, “Kulungile, ngokuqinisekileyo, jonga esikwenzayo.”

⁹⁸ Ngoku, into yayo yi, simfumana emi phaya encotsheni yenduli ngale ntsasa, ejongile, ezantsi emzaneni. Ehlunguzelisa

intloko yakhe, ejongile; amehlo akhe encwiniwe. Ethabatha umkhono wakhe esula ukubila ebusweni bakhe, kunye nothuli. Ilanga elishushu ligqatsile phezu kwempandla yakhe. Indevu zakhe zijinga; ezirhawuzela ngezandla zakhe. Wayengaboni bunewunewu. Wabona isono. Zange kumkholise oko. Yamgulisa.

⁹⁹ Kutheni wayengathi, “Mna, umSirayeli, jonga lityebe kangakanani ilizwe lam”? Wayenokuyitsho njani lonto xa wayengumprofeti ongowenyaniso kaThixo, ezazi iziphumo, kunye nokwakuzakuba kuko ngalo nto enjengaleyo?

¹⁰⁰ Masimmise endulini namhlanje kwaye simenze ajonge ezantsi. Makajonge eJeffersonville, kubantu abazibiza ngamaKristu. Makajonge naphina eMerika kubantu abazibiza ngamaKristu. Amehlo akhe athanjisiweyo nguThixo ebeya kuncwinwa kwakhona. Izandla zakhe zonwaye ezindeveni. Ngokuba? Akaboni bunewunewu kunye nobutyebi obubonwa lilizwe. Ubona uku—ukumka kuThixo. Ubona ukubola kwezimilo zabantu. Ubona ukuwa kwesizwe. Ubona ukubola ebandleni. Kungathini ukuba angenzi nto ngaphandle kokuncwina amehlo akhe, aze anqwenele ukungena kuyo, ukuze abe nokuyikrazula ibe ziziqwenga?

¹⁰¹ Kungathini ukuba ubhishop othile ebenokudibana naye phezulu phaya, aze athi, “Ngoku, ungumprofeti weNkosi? Ngoku, sizakuxelela ongakutshoyo nongenakukutsho.” Ucinga ukuba ebeya kuphulaphula? Bekuya kuthini ukuba babenokuthi, “Yiza zibandakanye nombutho wethu ngoku, kwaye siyakukunceda kumkhankaso wakho?” Ucinga ukuba ebeya kuphulaphula? Hayi. Andinakuyicinga lonto, kwindoda enjeya. Hayi.

¹⁰² Wayethunywe nguThixo. Wayenganyanzelekanga ukuba abe nentsebenziswano nabo. WayeneLizwi likaThixo, intambiso kaThixo, ixesha elonyulwe nguThixo. Wayesiza ku INTSHO INKOSI. Uh-huh. Lowo ngumprofeti wenyaniso. Leyo yindlela ahamba ngayo. Wayengahambi nanto kuphela ITSHO INKOSI.

¹⁰³ Ingaba lomzana unewunewu wase Samari, lo uzenze wafaneleka, ufunde kakhulu uSirayeli, aba basulungekisiweyo ngenene abashumayeli nababingeleli, bangamamkela lo mncnci, ongaziwayo umfo? Mhlawumbi igrama yakhe yayimbi kakhulu. Uphuma kwikhaya elihluphekileyo entlango. Washiya ikhaya, wabizwa nguThixo, waya entlango ukuya kufunda ngoThixo kunye neLizwi Lakhe, waza waba ngumprofeti. INkosi yamazala ngala ndlela.

¹⁰⁴ Abaprofeti bayazalwa, umthunywa wesigaba, lowo uThixo, ngolwazi lwangaphambili, asaziyo isigaba kwaye enommeli Wakhe phaya ukuya kuchaza isono.

¹⁰⁵ Ingaba laa mzana unewunewu ungamamkela yena? Ucinga abo bafazi babengabanakho ukuhoya nantoni

owawayitsho? Ucinga abo babingeleli babenokuphulaphula kuye? Ngokuba, hayi, mhlekazi. Wayengenankxaso kunye naye, nakuwuphi umbutho. Wayengenakuthi, oko, “AbaFarisi bandithumile.” Engenakho nokutsho ukuthi abaSadusi bamthumile. Wayengaphethanga naziphi iziqinisekiso zokuthenjwa. Wayengenalo nakhadi lobudlelwana lalo naliphi iqela labantu. Wayengena nozakuzaku ukulungiselela umkhankaso wakhe. Apho babengekho bonke abaFarisi ababenomhlangano wobunye kunye ne—kunye nesidlo sakusasa sabalungiseleli, waza wahlanganisa yonke into, ukulungiselela umkhankaso wakhe, kwaye esazi ukuba wayesiza. Wayengaziwa kubo. Wayengenakhadi labudlelwana. Wayengenaziqinisekiso zokuthenjwa. Wayengenankxaso nakuwuphi umntu.

¹⁰⁶ Kodwa waye no ITSHO INKOSI. Leyo yindlela yomprofeti wenyano. Waye no ITSHO INKOSI. Ukuba waye no ITSHO INKOSI, kwahluke kakhulu kwinqubo zethu ezenziwe ngabantu apha. Yilonto kuphela wayeyidinga. Ukuba uza *ngale* ndlela, uza egameni lebandla. Ukuba uza ukusuka *Ngale* ndlela, uza eGameni leNkosi. Ngoko, umprofeti wenyano usoloko esiza ngendlela yeGama leNkosi. Okokoko, uza eGameni leNkosi.

¹⁰⁷ Ngoku, wayengenakuveza khadi labudlelwana, kodwa wa—waye eneLizwi likaThixo. Kwaye yilonto uThixo ayithumele ebantwini. Ngoku, abantu bazenzele imibutho. Babeneemvaba zamaqela ahlukahlukeneyo, kwaye yilonto abantu abathe bayibumba. Kodwa u-Amos wayengenayo lonto. Kuphela nje waye no ITSHO INKOSI. Yilonto wayenayo.

¹⁰⁸ Ndingacinga ngabobabingeleli, ngentsasa, benokuncinci ngentsasa yangesabatha, benomthandazo omncinci, njalo njalo, inkonzo encinci yokunikezela, baze—baze babuyela emva. Kwaye bathethe izinto ezimbalwa ngo Moses omkhulu, ngaloo mhla mkhulu waphilayo, kunye nomkhulu othile ongomnye othe ngomnye umhla waphila. “Kodwa, owu, iintsuku zoko zigqithile. Nina bantu niyamazi umongameli wethu omtsha, urhulumente wethu omtsha kunye nako konke esinako,” size sithethe ngezinto ezimbalwa ezinjengezo size sigoduke.

¹⁰⁹ Kodwa naku kusiza indoda engakhathaliyo ngoko. Iza no ITSHO INKOSI. Yabona? Leyo yindlela yomprofeti. Akukho kusebenzisana, esazi awayejongene nako, esazi ukuba yonke into iyakuchasana naye, esazi ukuba bayakumala, baya kungamhoi. Kodwa wayesiza eGameni leNkosi.

¹¹⁰ UYesu wayazi ukuba iKalvari yayijongene Naye, kodwa Weza eGameni leNkosi. Yabona? Leyo yindlela yomprofeti wenyano.

¹¹¹ Waye eneLizwi leNkosi ngesasizwe. Kodwa iLizwi lenyano leNkosi lalingaqhelekanga kwaba bantu. Noko, bacinga ukuba banalo Lona. Ndiyathemba ukuba lento ingena nzulu. Bacinga

ukuba babenentlonelo kakhulu kwaye bengabenkolo, okokuba iLizwi likaThixo lenene yayiyinto engaqhelekanga kubo.

¹¹² Yiloo ndlela ekuyiyo namhlanje. ILizwi elinyanisekileyo likaThixo elibonakalisiweyo yinto engaqhelekanga kubantu abaninzi bakwaMoya. Olona toliko lwenene lweLizwi, eyona ntlungu, neziqalekiso, ezona ntsikelelo zikaThixo yinto engaqhelekanga kubantu abaninzi abazibiza ngobungcwele, amalungu ecawa, amaKristu. Yinto engaqhelekanga kubo. Abayazi. Yichaze Yona kubo. “Zange beve ngento enjalo.” Kwaye, noko, imibutho yabo iyakhula kwaye iyahluma, uya usiba mkhulu ngokuba mkhulu ngamalungu lonke ixesha, kwaye engaphezulu imibutho iyongezeka qho ngonyaka.

¹¹³ Bacinga ukuba yonke into ethi ize kubo ifanele ize iphuma kulomaqela emvaba. Ngokuqinisekileyo babengenakumamkela. Nanamhlanje abanakuyenza. Babelibele kudala, ukuba, “UTHixo wayenakho kula matye ukuvusa abaprofeti bakaThixo.” UThixo unakho, kwindoda engusomahlathi esemva. Unakho ukuvusa, kula matye, amadoda ayakumela iLizwi Lakhe, kwaye aprofete eGameni Lakhe, iNyaniso. “Abeke izembe ezingcanjini zomthi.” Awise amaxolo. Andikhathali nokuba unentsebenziswano okanye akukho ntsebenziswano. Kodwa leyo yindlela yowenyaniso umprofeti.

¹¹⁴ Abanye abantu bacinga uyifumane lula. Abazi abathetha ngayo. Wayengaziswanga kuwo umzana ngenqwelo etsalwayo, ehleli phezu kwentle, abotshiweyo amahashe, ahonjisiweyo, kwaye ababingeleli abakhulu beme phandle phaya, kunye nezinto eziphakamileyo ezinkulu ezintlokweni zabo, bequbuda kuye, “Ohloniphekileyo Gqir. *Zibani-ka-zibani* uyeza.” Leyo ibiyakuba yinqubo yombutho.

¹¹⁵ NjengoKumkani wabo bonke esiza, Uza, nje, uza ngesitali kwihoko, kwishedi yenkomo. Zange eze ngobuqheleqhele kunye nozuko, kodwa Uza ngentobeko yoSana luzalelwe eshedini. U-Amos zange eze. . . ILizwi leNkosi; ngoba *waye* eliLizwi leNkosi. Naliphi iLizwi likaThixo, asingomntu; nguThixo.

UYesu wathi, “AsindiM owenza imisebenzi.”

Bathi, “UYindoda, Uzenza uThixo.”

¹¹⁶ Wathi, “Ngoko ukuba Andenzi misebenzi kaThixo, sanukundikholelwa Mna. Kodwa ukuba imisebenzi iyathetha ngokwayo, kholelwani imisebenzi, ukuba anifuni kukholelwa Mna.”

¹¹⁷ U-Amos waye eliLizwi likaThixo lisihla ngendlela. Wahamba, ngokuphandle, hayi ngokweefashoni zehlabathi. Uza ngamandla kaMoya.

¹¹⁸ Leyo yindlela eliza ngayo iLizwi likaThixo. Hayi ngokwemigaqo yobuhlelo, hayi ngento ebumfazi epulpitini;

kodwa Liza emandleni kaMoya, ukubonakalisa uThixo esizweni nasebantwini. Lingumohluko. Umahluko omngakanani!

¹¹⁹ Ngoku, oku kuqondisile, kulityelwe kudala, ukuba uThixo unakho kulamatye ukuvusa abaprofeti abanyanisekileyo. Babengenabo... Imibutho yabo yayingenakho ukuvusa umprofeti wenyaniso, ngoba mhlawumbi ibi ngenakuyenza. Ngokuba, ukuba ibinakho, ibiyakuba ngumprofeti wombutho.

¹²⁰ Kodwa, uThixo uyavusa! UThixo uthabatha oko Akufunayo. Akathabathi nanto, ngokwesiqhelo, ukwenza umsebenzi Wakhe; kubonisa ukuba NguThixo. Umntu uyakhukhumala konke, kwaye acinge ukuba uyinto ethile, ngoko uThixo akanakumsebenzisa, ngokuba kukho okuninzi okukokwakhe.

¹²¹ Leyo yingxaki nebandla lamaKristu namhlanje. Licinga ukuba lazi okuthile. IBhayibhile ithi, “Xa umntu acinga ukuba wazi okuthile, akazi nto leyo afanele ukuyazi.” Ingxaki namhlanje, siba nobuthina obungaka, ukuhanahanisa okungaka, imfundo engaka, inkolo engaka, kwaye singazi nto ngosindiso lweLizwi likaThixo. Leyo yindawo elusizi yayo. Ewe.

¹²² Balibele, ukuba, “UThixo wayenakho kula matye ukumvelisela abantwana u-Abraham, okanye avuse abaprofeti beLizwi.”

¹²³ Akunyanzelekanga ukuba beze bephuma kwisikolo esithile. UThixo ubanika isikolo sabo. Akunyanzelekanga ukuba babe nezidanga ezine ekholejini. Akunyanzelekanga ukuba babe neSidanga sobuGcisa, kunye—kunye nesiDanga kubuGqirha, okanye njalo njalo. Akunyanzelekanga ukuba babe noko. UThixo uthabatha nantoni na Ayifunayo, aze abeke iLizwi Lakhe kuyo. Uyenza njani lonto Yena? UyaYibonakalisa aze aYiqinisekise.

¹²⁴ Babengenakutsho ukuba uYesu uphuma kwesiphi isikolo sakwalizwi. Wayengenaso nasinye. “Sesiphi isikolo aphuma kuso Yena?” Wayengenaso nasinye. Kodwa yintoni Awayenayo? WayenoThixo, kwaye WayeliLizwi. Babengenakolatha emva kwisikolo esithile.

¹²⁵ Kwaye uThixo akazange avuse indoda esikolweni. Hamba uhle ngembali uze ufumanise apho Wakhe wayenza. Akayenzi. Uthabatha into ethile ndaweni ithile engenye, engenanto, kungekho themba ngayo. Emva koko Ayizise lonto ngaphakathi aze abeke iLizwi Lakhe kuyo, kwaye Azibonakalise. Yilonto Wayeyenza apha ku Amos. Kulungile.

¹²⁶ Ngoku, iLizwi likaAmos lalingqinelwe nguThixo, ngomhla, ngomhla wabo. Ukungq-... UThixo walingqinela iLizwi lika Amos ukuba lilo, okokuba yayinguye, eneLizwi leNkosi.

¹²⁷ Kwaye ukuba ebenokuza kuthi, kanye ngoku, ucinga ukuba isizwe sethu kunye nabantu bethu bebeyakuyamkela indoda enjengaleyo? [IBandla lithi, “Hayi.”—Mhl.] Ucinga

ukuba amaBhaptizi ebeya kumamkela u-Amos? ["Hayi."] AmaWisile? ["Hayi."] AmaRhabe? ["Hayi."] AbakwaMoya? ["Hayi."] AmaKatolika? ["Hayi."] Hayi, mhlekazi. Hayi. Ngokuqinisekileyo ebengasayi.

¹²⁸ Masi, nje okwethutyana, simhambise size simzise apha, nje umzuzwana, size sifumane ukuba bebeya kumamkela okanye hayi. Masibone nje ukuba ebeya kwamkelwa, okokuba iicawa zethu beziya kumamkela na namhlanje okanye hayi.

¹²⁹ Into yokuqala ebeya kuyenza, ebeya kungavumelani nawo nawuphi umbutho, ngoba uchasene neLizwi. Ewe, mhlekazi. Ebeya kuyohlwaya yonke inqubo yethu. Injalo lonto. Yonke imfundiso, wonke umgaqo, lonke ihlelo, ebeya kugweba yonke into.

Ndiyacinga nje, ndingawabona onke lamarhabe akwaMoya esithi, "Kutheni, uzuko kuThixo! Ukuba u...Ngokuba, besingenakuba nayo la ndoda esixekweni sethu."

¹³⁰ Kwaye ucinga ukuba amaRhabe namaBhaptizi ebeya kwenza ntoni? "Kutheni, ela qaba, asimfuni kummandla wethu. Akayonto kuphela i—inkohla." Bebeya kutyikitya iphepha ukuba bamfake entolongweni, ukuba babenakho, bamsuse ezitratweni.

¹³¹ Kodwa ucinga ukuba ungamgcina phaya? Owu, hayi. Akunakulivalela iLizwi likaThixo. Hayi, hayi. Liyakuphuma, nakanjani. Imivalo yentolongo yavuleka ngobunye ubusuku, xa bazama ukulivalela Lona. UkuKhanya kwangena ngaphakathi kwaza kwamkhupha.

¹³² Hayi, e—ebeya kuphikisana ngokuqinisekileyo nenkqubo yethu. Kulungile. Yintoni ebeyakuqala ngayo? Ayikrazule. Ngokuba? Ngumkhonzi kaThixo. Ebeya kuya ngqo kwiSiseko aze aqalise umkhankaso wakhe, kanye ngqo emva, aze akrazule wonke umgaqo awususe kuwo, aze abuyele emva kwiSiseko. Yintoni iSiseko? KwiLizwi likaThixo. Kulungile. "Amazulu nomhlaba ayakudlula, kodwa aMazwi Am akasayi kudlula." Ke ubeya kukrazula lonke ihlelo, wonke umgaqo, yonke imfundiso, ayisuse kuwo, ayilahlele ecaleni, kwaye ebeya kuyiqhushumbisela kuNaphakade.

¹³³ Ucinga abakwaMoya bebeya kumamkela? Hayi, mhlekazi. Bhaptizi? Rhabe? Hayi, mhlekazi. Nazarete? Pilgrim Holiness? Bebeya kumthiya. Ngokuqinisekileyo. Ucinga ukuba bebeya kuya bayokumkhawulela nge—ngelimousine, baze bamzise esixekweni? Bebeya kuthandazela ilanga ukuba limgqatse phezulu phaya. Bebeya kwakha izithintelo, ukuze bamgcine ngaphandle kwesixeko. Ngokuba, bekuyakubakho imihlangano emininzi yabalungiseleli apho, kwisixeko, awakhe wayibona ebomini bakho. "Gcina la nkohla ngaphandle kwesi sixeko."

¹³⁴ Kodwa, noko, waye no ITSHO INKOSI. Yabona? Leyo yindlela yomprofeti wenyaniso. Ucekisiwe. Ngokuqinisekileyo.

Ebeya kuya ngqo kwiSiseko, ngomkhankaso wakhe. Abengayi kudinga. Ebengayi kuthi, “Ngoku, ndifuna nina nonke maWisile ukuba nize ngoku nize kundinceda. Ndifuna nina maBhaptizi. Ndifuna nina nonke bantu abalapha. Nonke nina bakwaMoya, nibanga ukuba ningabokugqibela ayakuthi uThixo ababize, ndifuna nina nonke nize kum, kwaye ndifuna nixhase umkhankaso wam.”

¹³⁵ “Ubhaptiza njani? Yintoni ubungqina bukaMoya oyiNgcwele?” Loo mibuzo, ibiya kuphoswa ebusweni bakhe. Kwaye xa ebuya kunye neNyaniso yeBhayibhile, bebeya kumtshikilela. Kodwa leyo yindlela yomprofeti wenyaniso. Unako konke okuya ukuba ajongane nako. Yabona? Ngokuqinisekileyo.

¹³⁶ Besingayi kumamkela. Hayi, mhlekazi. Eyethu—eyethu... Besingasayi kubanayo nanto. Besingasayi kubanawo nomnye wemikhankaso yakhe apha kwelethu—kwelethu iphandle. Hayi, ngenene. Kulungile, besingayi kuba naye. Hayi, mhlekazi. Kodwa ebeya kuza aze abuyisele iBandla emva eLizwini, ngoba Oko sisiseko. “Wonke ubani obeka esinye isiseko esingesinye, yintlabathi ezikayo. Phezu *kwesi* siseko sodwa, uThixo wakha iBandla Lakhe, phezu kweMfundiso yabapostile.”

¹³⁷ Njengoko ndandisitsho ngenye imini; omnye othile ethetha malunga—malunga nentlambululo, kwaye ebalela kwabaninzi njengoyiNgcwele uFrancis kunye noyiNgcwele uCecilia, kwaye ethandazela abantu abathile, kwaye ngokuphuma kwintlambululo, kwaye enika elona gunya elinjalo. Elo ligunya elingekho ngokwesibhalo. Ngabantu abangenagunya. Abapostile babenegunya leSibhalo. Kwaye ukuba lichasene nabo, bubuxoki, kangangokuba ndicinga.

¹³⁸ Ndiyakholelwa entlambululweni, kodwa ndiyakholwa ukuba ingoku kanye. Uhlambulula umphefumlo wakho. *Intlambululo* ithetha “ukuhlambulula.” Xa ubona ukuba wenze into engalunganga, phuma phaya uze uyicoce isuke kuwe, ngokuyichaza, nokulila, nokuzila ukutya, nokuthandaza.

¹³⁹ Omnye othile ude wandihleka xa iNkosi yeza apha kungekudala kwixesha elidlulileyo yaza yandinika umbono. Ndasoloko ndafuna ukubona malunga nokukhonxwa kwalanamba. Ndasoloko ndingazi ukuba kanjani. Ndifanele ndiphumele ngaphandle olwahlobo. Xa, yilonto ndandiyifuna, ebomini bam bonke. Ngoko ndaqalisa ukuzila ukutya nokuthandaza. Wathi, “Uyenzela ntoni lo nto?”

¹⁴⁰ Ndathi, “Khona phaya, Wathi andinyanisekanga ngokwaneleyo.” Emva kokuba Ezile, emva koko ndafuna ukuzihlambulula. Ungalindi ude ufe, uze uyeke abalingeleli abathile bakuhlambulule. Hlambululani imiphefumlo yenu!

¹⁴¹ Kodwa, jonga, bayikhupha kwiLizwi eliligunya, baze balibeke ezandleni zomgaqo wenkolo owenziwe ngumntu,

ukuba kuziswe imali ebandleni, ngokuba bajonge kwizinto ezilihlabathi, icawa elihlabathi, amandla amakhulu ehlabathi, amandla ezopolitiko. Kodwa uThixo ujonge eLizwini Lakhe. Kwaye lonke ilizwi elichasene neLizwi likaThixo alilunganga. Kangangokuba ndikhathala, liLizwi okanye asiyonto. Ewe, mhlekazi. Ewe, mhlekazi.

¹⁴² Ebeya kuya ngqo esiSekweni. Ebeya kukrazula into ibe ziziqwenga. Ebeya kufanela ayenze. Ebengenakwenza nanto ingenye, ukuba u-Amos ebelapha namhlanje. Ebengasayi kwenza nenye into, kuba, khumbula, ungumprofeti ongowenyaniso kaThixo, lowo iLizwi liza kuye. Ebengenakwenza nenye into koko kukuya eLizwini. Akukhathaliseki ukuba bonke abakwaMoya elizweni bayamngqonga, bathi, “Mhlekezi, Amos, siyakukholelwa ukuba ungumprofeti, kodwa usecaleni eLizwini. Sifuna ukolula.” Ebeya kuhlala neLizwi. Akukho nto ingenye anokuyenza, ngokuba ungumprofeti. Akadingi ntsebenziswano yabo. UnoMyalezo wokuwuhambisa. “Kwaye konke athe uBawo wandinika kona Mna kuyakuza kuM.” Kwaye uza kushumayela iLizwi, kwaye uzakulishumayela Lona njengokuba beLiyakubanjalo eBhayibhileni, kwaye ngenxa yoko siyakumala. Kunjalo.

¹⁴³ Akukhathaliseki nokuba Iyakubanjalo, iLizwi likaThixo liza kubaprofeti, utoliko lwabo ngeLizwi, utoliko olululo.

¹⁴⁴ USirayeli wasoloko ephuma emgceni, kwaye uThixo wabathumela umprofeti kunye nemiqondiso nezimanga, ukutolika ela Lizwi. Kwaye wazi njani? Wathi, “Ukuba lo mprofeti uyathetha, kwaye yenzeke, ngoko oko kulungile.” Wabangqinela abaprofeti Bakhe, ukuba babelungile.

¹⁴⁵ UYesu wathi, “Lowo ukholwayo kuM, imisebenzi Endiyenzayo uyakuyenza naye. Oku niyakukwazi. Le miqondiso iyakulandelelana nabo abakholwayo.”

¹⁴⁶ Kwaye ingaba bangabanga njani ukuba ngumprofeti weNkosi baze baphike iLizwi likaThixo? Umntu angabhaptiza njani egameni lika “Yise, Nyana, Moya oyiNgcwele,” zona izihloko, aze aphike elona Gama likaYesu Kristu, ngelixa kungekho Sibhalo eBhayibhileni esixhasa inkcazo eyingcingane yabo? Ndingaba rhabaxa kwaye ndigxeka, kodwa lixesha lokufumana la ndlela. YiNyaniso.

¹⁴⁷ Bangabanga njani abantu ukuba ngamaKristu namhlanje, baze babalekele phandle apha kuyo yonke into; kunye nabafazi neenwele ezinqothulweyo, benxibe ezimfutshane, betshaya imidiza, bebalekela kwimiboniso yemifanekiso, naluphi uhlobo lomboniso omdala, baze baqhubeke? Ndixelele nguMoya oyiNgcwele lowo? [IBandla lithi, “Hayi.”—Mhl.] Ungaze undixelele lonto. Nina, nimenza uThixo agule esiswini Sakhe, ukuba kwakukho into enjalo enokwenziwa. Ehe. Ndiqinisekile

nियाqonda. Nizibiza, njenge, ingabakho njani into enjalo? “Ngeziqhamo zabo bayaziwa.”

148 Ebeya kuqhushumbisa aze ohlwaye wonke umfazi ophothe iinwele. Ebenokuyenza njani enye into? Ngumprofeti. Kwaye elo liLizwi. Ebeya kuthi, “Wena, Jezebhele!” Ebeya kuba ngqwabalala kubo. Ngokuba? Ngumprofeti. Bekuya kufanela ame neLizwi. Injalo lonto. Ucinga ukuba bebeyakuyeka? Hayi, mhlekazi. Bebeya kuthi, “Iyamangalisa. Ungombi njengala Pawulos mdala wayenjalo, eBhayibhileni, umthiyi-bafazi.”

149 “Nina, gquba labankwalambisi, osingamaKristu. Akukhathaliseki nizama kangakanani ukuphila ngobungwele, oko akunanto nenye yokwenza nayo. Okoko nje niphika iLizwi likaThixo kwaye ningazilungelelanisi kuLo, ungumoni, ongakholwayo,” yilonto ebeya kuyitsho. Ebengayi...Beka, ebeya kubeka izembe kanye ezingcanjini zomthi. Ebengayi kushiya nanto. Ungumprofeti, kwaye yindlela yomprofeti wenyano. Bebeya kuhlala nela Lizwi kungakhathaliseki nokuba ngubani. Ukuba ngunina wabo okaye utata; akwenzi mahluko. UYesu wayenza. Kangangokuba ade angambizi yena njengonina; wayengenguye. WayenguThixo. UThixo akananina. Bebeya, ngoko ngubani uyise Wakhe? Uh-huh, uh-huh.

150 Ebeya kuqhushumbisa kwaye abohlwaye bona. Ebeya kohlwaya lonke ihlelo, ngokuba akukho nelinye lawo elakhelwe eLizwini. Andifumani nalinye lawo. Kwaye kwakamsinya bezenza ihlelo, bachasene neLizwi kanye ngoko. Ke banga... umprofeti asikelele into eyohlwayiweyo liLizwi? Noko, akafuni kuyenza, ukuvisa buhlungu umzalwana wakhe, kodwa noko ufanele ayenze ngokuba ungumprofeti. Kwaye ungummeli weLizwi elinyanisekileyo likaThixo, kwaye akasuki kuLo, nangeyiphi indlela konke; ummiselo phezu kommiselo, kunye nomgca phezu komgca. Yabona endithetha kona? Indlela yomprofeti wenyano.

151 Bangaphi abathi, “Nkosi, ndinqwenela Ubuyakundenza umprofeti”? Akayenzi lonto. Hayi. Akayenzi lonto.

152 Ebeya kohlwaya zonke izezo zamabandla ezingekho similweni, le migidi yebunco kunye nazo zonke ezi zinto abanazo, imigidi yamakhasi, amakhitshi esuphu. Ebeya kohlwaya bonke kubo. Ebeya kubaqhushumbisela esihogweni apho basuka khona.

153 Ucinga ukuba ubuyakumamkela? Hayi. Ibandla namhlanje belingayi kumamkela. OwakwaMoya amamkele yena? Kulungile, ebeya kuya phaya, athi, “Nina gquba looJezebhele labaphothi benwele, anazi akuthethayo u ITSHO INKOSI? Nihamba ngelokhwe ezikhangeleka ncinci ezipitsayo, anazi ukuba ninetyala lokukrexeza imihla yonke namakhulu amadoda.” Yilonto ebeya kuyitsho.

154 Uthi, “Kulungile, ela qaba lidala! Intloko endala enempanla, umfo okhangeleka ngwevu, msuseni kulapulpit. Masibonane, bhodi yamathenjwa, madikoni, mkhupheni apha.”

155 “Kulungile, nina gquba zintsizana zabahanahanisi.” Injalo. U-Amos ebeyakuxela. Ngoko nizibiza, “Singa . . . Singabeliqela. Singabelaqela.” Ningabakamtyholi, uyihlo, ngokuba nguye oliphikayo iLizwi.

156 Nithi, “Ndithethe ngeelwini.” Nize niphothe iinwele zenu? “Uzuko kuThixo! Haleluya!” Kwaye iBhayibhile ithi, “Iyinto e—iyinto engenaxabiso—engenaxabiso, okokuba umfazi athandaze enentloko echetyiweyo ngolwahlobo.” Emva koko nizibize ngamaKristu. Usizi kuni. Rhubuluza ekoneni ndaweni ithile, lungisa kuThixo.

157 Ninxibe zona ezompahla zincinci zimfutshane zindala, nize niphume apha eziyadini, nize nizolule, ngelixa nisazi kakuhle nangokulungileyo ukuba nenza ukrexezo kunye nekhulu lamadoda mihla yonke. Watsho, uYesu watsho njalo, “Nabanina othi ajonge umfazi aze amnqwenele selekrexezile kunye naye.” Nguye ozibonakalisileyo, kwaye uyenzile kokwakho uku . . .

158 Apho, wena ufile kwizinto zelihlabathi. Uvusiwe koko, njengoko nditshilo, ekuqalekeni. “Ubuya kujika intloko yakho ngentloni. Amehlo akho ancwinwe kwinto enjalo ukubambi yesono, endaweni yokujonga abafazi ukuba ubakhanuke. Nina madoda enenza into enjalo kwaye nizibize ngokuba ngamaKristu.” Yilonto ebeya kunixelela yona. Ndizama ukuthatha Amazwi akhe ngale ntsasa. Ebeya kuba ngaMazwi akhe. Ngokuba, wa, khumbula, ungumprofeti wenyaniso. Ebeya kufanela ahlale nela Lizwi. Uh-huh. Ndicaphula nje iLizwi lakhe. Yilonto kuphela. Kuba, ukuba uyamzisa, uliLizwi. Ngoko, uliLizwi, Ngokwalo. Ungangabi nayo indoda, kodwa ufumana iLizwi lakhe, kuba ebeya kuba nalo iLizwi leNkosi.

159 Yonke imfundiso eyenziwe ngumntu, ubeya kuyohlwaya, njengobhaptizo “egameni loYise, Nyana, Moya oyiNgcwele.” Ebeya kuyigibisela lonto iyogqobhozela kuNaphakade. Ebeya kuyigweba, ke bekungasayi kubakho vumba layo lishiyekileyo. Ewe, mhlekazi.

160 Bangaphi, nina, bangaphi ebandleni ngale ntsasa ababeya kumamkela yena phezu koko?

161 Ngoko bona, eligquba leGama likaYesu, bebeya—bebeya kuthi, “Owu, siyakumamkela ngokuya.” Kuze emva koko umbutho wenu, ebeya kukuqhushumbisa kanye ngoko kunye nawo. Injalo lonto. Ezonwele ezinqothulweyo zabafazi, kunye nokumelana nazo. Injalo lonto. Amadoda enu, indlela enza ngayo baze baziphathe ngayo. Injalo lonto.

162 Uninzi lwabantu luthi, “Kulungile ukuba ngumprofeti.” Injalo, ukuba ukulungele ukuthengisela ihlabathi yonke into uze uhlale noThixo kunye neLizwi Lakhe.

163 Hayi, besingayi kumamkela nangayiphi indlela, amahlelo ethu namhlanje. Ngokuqinisekileyo besingayi kuba nanto yakwenza naye.

164 Mmamele eyiqhushumbisa. Wathi, “Kwa loo Thixo mnye enibanga ukumkholwa, Uyakunitshabalalisa.” Ubuya kwenza ntoni malunga noko? Kwa loo Thixo mnye abakwaMoya bakholelwa kuye, ukusuka kwezona zenzo zezimilo ezibi kunye nezinto abazenzayo baze bavumele zenziwe, loo Thixo ukwamnye uyakuzisa umgwebo phezu kwalo mibutho. Injalo lonto. Ngokuqinisekileyo koko u-Amos wakutshoyo kubo.

165 “Owu,” bathi, “sino Abraham. Sino—sinoku. Sinomthetho. Sinababingeleli. Sinabaprofeti.”

166 Owu, mzalwana, awakhe amehlo ancwinwa njengoko wayejonge phezu kwabo, waze waliqhushumbisa ela Lizwi kubo. Ewe, mhlekazi. Ngokuqinisekileyo. Bebengayi kumamkela. Hayi, mhlekazi. Wathi, “Bayanitshabalalisa ngeemfundiso zenu ezenziwe ngumntu.” Yilonto ebeyakunixelela yona namhlanje. Ebeya kutsho into ekwanye njengoko wenzayo ngoko. Wathi, “Kwa loo Thixo enakhela iicawa kuye, mhlawumbi nihlawula izigidi zeedola, kwa ezo zibingelelo enizakhela kuYehova, enibanga ukumthanda, loo Thixo mnye uyakunitshabalalisa ngokuba niyalala iLizwi Lakhe.”

167 Kwaye injalo namhlanje! Kwa loo Thixo mnye iMerika ebanga ukumkhonza uyakuzisa umgwebo phezu kwesizwe asitshabalalise. Ndiyathemba ingena nzulu okokuze ungaze uphume kuyo. Kwayena Lowo obanga ukuba uyamthanda, kunye nemigaqo yakho eyenziwe ngumntu, kunye nobomi bemikhuba nokubola othe wazifaka kuko, kude kwiLizwi likaThixo, uyakukutshabalalisa ngenye imini. Lowo ngu ITSHO INKOSI. Akukho nto yimbi abashiyekelwe yiyo.

168 Lungelelana neLizwi! Shumayela iVangeli kubo; nqumla ilizwe; baxelele iNyaniso. Abalungiseleli babanochuku baze bakhale, baze baqhubekeke. Umntu wohlwaya. Imibutho ukukhuphile. Abafazi banikina iintloko zabo, kwaye abasayi kuziyeka iinwele zabo zikhule, ngaphandle kwesizathu. Banxibe iimpahla zabo nje ngokohlobo olunye, unyaka emva konyaka. Nje ngokugalela amanzi kumqolo wedada. “Uze emva koko ubange ukuba uyamthanda uThixo?”

169 Wathi, uYesu wathi, “Nithathe izithethe zenu naze nenza Imiyalelo kaThixo ibe yengento.”

170 Leyo yindlela yomprofeti wenyano. Yabona? Asiyondlela ilula. Asikuko oko nabanina unokucinga ukuba kungaba kuko.

171 Uxhume unyuke usihla kwaye ukhwaze, wonke umntu akumbambazele egxalabeni, ngoko lowo ngumqondiso wokuba akungomprofeti wenyano. Lowo ngomnye weyona miqondiso yokuba akunako oko uthetha ngako.

¹⁷² Kuxa liphi apho bakhe bambambazela emhlana, ngaphandleni kokuba babenezembe lokuxabela? Intoni? Ebeya kuguquka aze abohlwaye. Injalo. Ubungenakumbambazela u-Amos emhlana. Babengenakumbambazela u-Eliya emhlana. Zange amelane nalonto. Hayi, mhlekazi. Wabaxelela iNyaniso kaThixo. Kwaye ukuba iZulu likhulu kakhulu, kwaye apho siya khona, ngoko ukuba asinakulungelelanisa kunye nezinto ezincinci ezingenamsebenzi, sizakulungelelanisa njani noMoya Phaya? Kufanele silungelelanise neLizwi. Leyo yindlela yomprofeti wenyaniso. Nangona imkrazula abeziziqwenga, ukuyitsho Yona, ehe, kufanele akrazule isizwe sibe ziziqwenga, ngaYo. Injalo lonto. Kodwa leyo yindlela.

¹⁷³ Ebeya kuyiqhushumbisa. Owu, bethu! Uyazi wathini kubo? “Ingxokozelo,” ukuba uyaqaphela apha, wathi, “ayikho kurhulumente wenu, ikuni.” Yilonto wayitshoyo. Ehe. “Ingxokozelo ebandleni, isimo sakho sobuthixo, yilonto eyenze ingxaki.”

¹⁷⁴ Isizathu sokuba ubukomanisi butshayele umhlaba namhlanje, akungenxa yobukomanisi. Kungenxa yebandla. Kungenxa yabantu. Namhlanje bazibiza amaKristu. Bacula ngokweNgelosi. Amazwi aqeqeshiweyo, kwaye bathetha ngesibindi, ngokungathi ziiNgelosi ezinkulu; baze bangalikholelwa iLizwi likaThixo, njengabatyholi. Injalo lonto. Bacula ngokweNgelosi enkulu, banxiba ngathi andazi yintoni, baze baphike iLizwi likaThixo.

¹⁷⁵ Indoda, umshumayeli epulpitini, oyakuma phaya aze abizwe ngoGqirha, Mfundisi, aze ambuze, “Ingaba iBhayibhile ithethe ngobhaptizo e ‘Gamani leNkosi uYesu Kristu,’ okanye, ‘Yise, Nyana, noMoya oyiNgcwele?’” Kwaye uyakukuhleka ebusweni aze athabathe, “Yise, Nyana, Moya oyiNgcwele.” Uze uzibize ngomntwana kaThixo?

¹⁷⁶ Abafazi besazi ukuba iBhayibhile iyabohlwaya ukuba benze izinto ezithile, baze baphothe iinwele zabo, baze benze ngathi lihlabathi, baze banxibe impahla ezingcolileyo kunye nezinto ezinje ngezo, kwaye bayakuqhubekeka beyenza lonto, nakanjani; baze bathethe ngeelwimi, baze baxhume ukuhla benyuka, bakhwaze, baze babe nemibutho yamanenekazi amadala, nemithungo, baze bathumele iimishinari emasimini. Iba livumba ebusweni bukaThixo. Kwaye, ITSHO INKOSI, Uyakutshabalalisa yonke into. Uyakuyenza.

¹⁷⁷ Asiyonto ilula, kodwa yindlela yomprofeti wenyaniso. Yiqhushumbise Yona phandle phaya, kwaye uyitsho Yona nokuba Ivisa kabuhlungu okanye hayi.

¹⁷⁸ UYohane wayengumprofeti wenyaniso. Wathi, “Izembe libekiwe ezingcanjini zomthi.” Leyo yindlela yabo. Ngokuqinisekileyo.

179 Ingxaki ikuye. Bacula njengeeNgelosi, badanise njengabatyholi phandle phaya, imidaniso, baqhubekeke, umdlalo wamakhasi, imidyarho. AbakwaMoya, besiya kwindawo zolonwabo, imiboniso mifanekiso bezingxale ngayo. Yonke indawo, lonke uhlobo lomdlalo omdala okanye nayo yonke engenye, baze bahle kanye baye apho, kunye nemidyarho kunye nayo yonke engenye into, baze bazibize ngamaKristu, baze banyuke bakhwaze, baze bathethe ngeelwimi, benze uhlambo lwenyawo nomthendeleko.

180 Ngokuba, ingu—ingu, “Njengenja isiya kumhlanzo wayo,” umprofeti watsho, “banjalo nabo.” Ukuba lanto ibiyeyehlabathi, ifanelwe ikhatywe iphume kuwe, kutheni ubuyela emva kuyo kwakhona? Injalo. Ngaphandle esitratweni, ukuzibhijabhija, bakubiza ngako, irock-and-roll, ukuphothwa kwenwele, ukunxitywa kwezimfutshane. Owu, bethu! Bazibiza ngokuba ngamaKristu. Unga. . . Hayi, kungcono ndingakutsho oko.

181 Yilonto ndibohlwaya. Ukuba ndizakuhlala kunye *neli* Lizwi, ukuba eli Lizwi liza kum, ndiyakuhlala neli Lizwi. Lena yinto eza kum, iLizwi. Yohlwaye!

182 Babanga ukukhokelwa nguMoya oyiNgcwele, baze benze izinto ezinjalo. Ungafane ucinge umfazi, ekhokelwa nguMoya oyiNgcwele, ayeke iinwele zakhe ziphothwe, ngelixa uMoya oyiNgcwele uyohlwaya lonto? Ngoko hlobo luni loMntu uMoya oyiNgcwele? Ungafane ucinge?

183 Ungafane ucinge umshumayeli eme epulpitini, kwaye nawuphi umtu emcela umngeni ukuba ambonise indawo ibenye nabani owakha wabhaptizwa kusetyenziswa izihlonipho zo “Yise, Nyana, kunye noMoya oyiNgcwele,” aze ahleke ebusweni bakho kwaye akubize umbaxi, ngokubhaptizela eGameni likaYesu Kristu, aze athi ukhokelwa nguMoya, athi uMoya oyiNgcwele? Ingaba uMoya oyiNgcwele Angaphika iLizwi elileLakhe? Hayi, mhlekazi. Uh-huh. Uyabona? Ndiyathemba uyayifumana.

184 Andazi likangakanani ixesha. Isithonga esilandelayo singandifumana. Kodwa, kude kwenzeke, ndizakuma kanye phaya kunye neLizwi. Xa ndihlangana nawe ngaphesheya eMgwebeni, ndizakube ndimi kanye ecaleni kwela Lizwi. Yilonto ndiyikholelwa ukuba yiNyaniso.

185 Hayi, akuzenzi izinto ezinjalo, uze emva koko ube noMoya oyiNgcwele. Ndiye kumfazi womlungiseleli ngelinye ixesha, ehleli apho enxibe ilokhwe, yayimbi kakhulu ukukhangeleka.

Uthi, “Akunalungelo.”

186 Ndinelungelo. Elo liLizwi. Lishumayele Lona lonke. Uyazitsiba ezo zinto, abaninzi abashumayeli ababumfazirha, ngokuba abanasibi-. . . Mhlawumbi awubizwanga nokubizwa ukuba ushumayele, indawo yokuqala. Ehe. Kodwa umkhonzi wenyano kaThixo uyakuhlala kanye kunye nela Lizwi. Injalo.

¹⁸⁷ Umfazi womlungiseleli ehleli phaya, eminxeke wonke kwilokhwe, kunye namacici ejinga, neziqabi ziqatyawe, nenwele ezimfutshana ezinqothulweyo. Xa, uThixo eyohlwaya yonke lonto njengengcolileyo. Kwaye emva koko uthi unoMoya oyiNgcwele?

¹⁸⁸ Ndandishumayela apha ePhoenix, kungekudala kakhulu, kwinto efana naleyo, kwaye umfazi womlungiseleli ehleli epulpitini, kunye nezi zibukhwenkwe iinwele ezinqothulweyo zonke ziqathalala, kunye nelokhwe awayengenakho nokugquma unondrokhwe ekumenyezeleni. Engenakho nokugoba ngapha kwamadolo akhe. Malunga nesine okanye isihlanu se intshi entla kwamadolo, ehleli apho; exhuma ukuhla enyuka, ehlabelalisa. Ndayiqhushumbisa nje ngamandla kangangoko ndinakho. Kakade, akasokuze andimeme ndibuye. Andiyilindelanga lonto. Kodwa uyazi okulungileyo nokungalunganga. Xa ndisima eMgwebeni, ayikho sezandleni zam kwaphela. Ngoko ndihambe ndithi . . .

¹⁸⁹ Indoda, usinga-mfundisi, endingathethi ukuba asinguye, waphawula ngenye imini, phambi kwabanye babahlobo bam kwisixeko esithile endandikuso. Niyamazi umzalwana. Kwaye lo mzalwana uyangena. Wathi, kulungile, wathi, “Sakhe saba noMzalwana uBranham apha ngelinye ithuba.” Isixeko esithile, kwaye ngaphandle eNtshona. Kwaye le ndoda yathi, “Owu, uMzalwana uBranham yindoda elungileyo.” Yabona? Wayesazi ngcono kunoba agibisele nantoni kwisimo. Wathi, “UMzalwana uBranham, kodwa sanukuphulaphula kwiteyiphu zakhe, ngokuba ziyakukwenza ubhidakale.”

¹⁹⁰ Kwaye kwenzeka ukuba kubekho omnye wabahlobo bam eme apho, wathi, “Nje umzuzwana, mhlekazi! Ndandibhidekile ndade *ndeva* iiteyiphu.” Ehe. Lowo ngumahluko. “Andizange ndiqonde ukuba UThixo ongcele angavumela kanjani into efana naleyo, njengokuba nonke nenzile.” Ehe.

¹⁹¹ Lo mntu ukwamnye, omnye kunye naye, wema endaweni ithile kungekudala, wathi, “UMzalwana uBranham ngumprofeti. Angacalula izinto. Kunye nezinto ezinjalo . . . Kodwa,” wathi, “ngoku, sanukuphulaphula iMfundiso yakhe, ngoba akalunganga.” Impambano, ukungaphucuki okunjeya!

¹⁹² Anazi ukuba ukuba iyi . . . Andingomprofeti. Kodwa ukuba iLizwi likaThixo linyanisile, Liza kumprofeti. “ILizwi leNkosi leza kubaprofeti.” Babengabo ababetolika iLizwi. Ngoko, uyabona, aku . . .

¹⁹³ Ayezi kwa imbadlo, nje ukuzimela emva kwentwanana yehlelo elithile, ngenye yaloo mihla liyakuqhekeka lize life, kwaye litshabalale esihogweni.

¹⁹⁴ Kodwa iLizwi likaThixo liyakuma ngonaphakade. Phezu kwela Litye ndakha amathemba am ngonaphakade, phezu kweLizwi leNkosi. Yonke enye into mayizike. Ukuba

ndiphulukana naso sonke isihlobo, yonke into engenye, ubuhlobo bam bukuKristu.

Ithemba lam alakhiwanga nakwenye into
 KunakwiLizwi likaYesu kunye nobulungisa;
 Xa konke okungqonge umphefumlo wam
 kunikezela,
 Ngoko Ulithemba nokuhlala kwam.

¹⁹⁵ La mpu wadubula ngenye imini. Ndabona. Ndancinga ukuba ndifile. Ndaba nokuziva okunoxolo. Ndabhekabheka. Ndacinga, “Kulungile, kuyilonto.” Yintoni elungileyo ihlelo elinokundenzela yona ngoko? Yintoni elungileyo umbutho onokundenzela wona ngoko? Kufanele ndime ngaphesheya kumgwebo wamalangatye kaThixo, ukuze ndigwetywe *ngeli* Lizwi.

¹⁹⁶ Nakubeni kunokufanela ndigqatse, kwaye ndigobe, kwaye ndijije, kwaye ndihluthule, abantu abaninzi, kodwa ndithemba ukwenza, ndifumane olululo uqobo khona phaya, lweLizwi likaThixo, kwaye apho ndakhele umphefumlo uNaphakade. Injalo lonto. Yeka uThixo ayibeke ezandleni Zakhe aze ayakhe ibe ngumntwana othobelayo.

¹⁹⁷ Ingenzeka—ingenzeka njani ukuba indoda, ekhokelwa nguMoya oyiNgcwele, yenze into efana naleyo? Okanye, umfazi onomoya oyiNgcwele, enze into efana naleyo? Hayi. Uyingcwele. Kwaye ukuba uBomi Bakhe bukuwe, ukwamnye. Uyakuba nje Ngaye.

¹⁹⁸ USirayeli, njengoko thina sicinga ngokuba babehluma ngonxibelelwano kunye nezinye, yayikukuvuma kukaThixo phezu kwayo. Ngoku, uyazi, sicinga oko namhlanje.

¹⁹⁹ Ndithethe namadoda apha kungekudala kwixa eligqithileyo, kwihotele, kwintsuku ezimbalwa ezigqithileyo, amadoda amakhulu kwimihlaba yezenkolo. Kwaye bathi kum, “UTHixo uyaqinisekisa ukuba Unathi. Ngokuba, sikhulile kunyaka ophelileyo, Mzalwana Branham,” ndilibele ngamakhulu amangaphi, into enjalo.

²⁰⁰ Ndathi, “Asiyiyo nantwana yokuqinisekisa.” Uh-huh. Injalo lonto. Ubuhenyu buyakhula, bongezelekile kunyaka ogqithileyo, malunga namashumi amathathu ekhulwini; ingaba oko kubonakalisa ukuba uThixo wayekubuhenyu? [IBandla lithi, “Hayi.”—Mhl.] Uh-huh. Uh-huh. Uh-huh. Ngokuqinisekileyo. Huh! La ngxoxo ayilunganga. Hayi. Akunakuyenza lonto. Hayi, mhlekazi. UThixo uma neLizwi Lakhe. Yonke enye indoda iyakuma neLizwi Lakhe, ukuba inyanisekile. Kulungile.

²⁰¹ Bacinga, ngokuba babenonxibelelwano! Ngoku, apha, sizakungena kuko, nje ithutyana, kwimicimbi karhulumente. Isizwe sethu silalile iLizwi likaThixo, nje ngokufana noSirayeli wenzayo. Balala iLizwi likaThixo, kwaye abantu bakhe, ababingeleli, kunye nabaprofeti, kunye nanjalo njalo,

baprofeta okulungileyo kubo. Kwaye ba... Singenza ntoni koko kukuprofeta okungalunganga, ngokuba kuchasene kwiLizwi! Ugwetyiwe. “Esikhulu sethu, esithandekayo isizwe, sisekelezelwe phezu... amava ethu oobawo mkhulu bethu.” Ngoko buyelani emva koko babenako. Uh-huh. Injalo. Ngokuqinisekileyo.

²⁰² USirayeli wayesisizwe esikhulu. Jonga kooyisemkhulu, kodwa uThixo zange abayeke. Lowa umdala unempandla umprofeti wayegibisela iLizwi kubo, kwaye yenzeka kanye ngqo ngendlela awayitsho ngayo. Funda imbali yakho apha kwaye ufumane ukuba ayinjalo. Yenzeka nje ngqo ngendlela awayitshoyo. Kwaye wabohlwaya, noko, bona beme phaya, kwaye ababingeleli abangcwele kunye nengubo ezingcwele kubo, betshiza oku; kwaye bengayi kushukumisa nesandla, *ngale* ndlela okanye *ngala* ndlela, ngokuba ibiyinto *ethile* ngalendlela, isithethe okanye into ethile.

²⁰³ UYesu wathi, “Ningabakayihlo, umtyholi, kwaye nemisebenzi yakhe niyakuyenza.” Bamthatha Yena baza bamohlwaya Yena, kwaye bamxhoma Yena emthini, baza bambulala Yena. Ngokuqinisekileyo injalo. UThixo wamvusa Yena kwakhona. Ewe, mhlekazi.

²⁰⁴ Hayi, abangekhe. Asisayi kumkholelwa u-Amos namhlanje, hayi konke. Kwaye namhlanje senza unxulumano. Sinoko sikubiza namhlanje... Sicinga kuku “vuma” kukaThixo, ngokuba imibutho yethu iyanda kwaye—kwaye yonke into ihamba ngendlela eyiyo. Sicinga ukuba oko kuku “vuma” kukaThixo kuyo. Uyazi, bazixokomezela, ndiyakholwa, malunga nesibini okanye isithathu sezigidi samaProtestanti. Kwaye amaKatolika amke izigidi ezininzi ngaphezulu. Yabona? Bacinga ukuba kukuvuma kukaThixo, ngokuba bengamaKatolika. AmaProtestanti acinga kukuvuma kukaThixo, ngokuba bengamaProtestanti. Huh! Yimfitshimfitshi. Ngumhlohli nkanunu. Luthuthu lwe atomic. Ngumsindo kaThixo usakheka, ukuba uqhushumbe. Injalo kanye lonto.

Phulaphula kum. Ndiyakukuxelela iLizwi leNkosi. Amen.

²⁰⁵ Khangela kuthi. Khangela ehlabathini namhlanje. Khangela kwisizwe sethu. Sihlonyelwe kunye ne U.N. Yintoni ekuyo? Igquba labangenabuthixo. Kwaye si, nesibindi de singavumeli nomthandazo wenziwe phambi kwemisebenzi yethu iqhutywe.

²⁰⁶ Ingaba andisanduli ukufunda apha, “Bangathini ababini ukuhamba kunye ngaphandleni koba bayavumelana? UThixo akenzi nto ngaphandleni Kokuyityhila kubakhonzi Bakhe, abaprofeti. Bangathini ababini ukuhamba de babe bayavumelana?”

207 Xa, siba nooMahammedan, Budda, abangenankolo, abangenabuthixo, abazithandayo, into yonke engenye, kuyo. Ucinga—ucinga uThixo angahlala kwinto efana naleyo?

208 “Ke,” uthi, “okuya, ke, sikumanyano kunye nabo. Sifumana lonke ukhuselo lwaseNtshona.”

209 Babenazo zonke izizwe zibarhangqile, ekubakhuseleni. Kodwa la mprofeti wathi, “UThixo uyakunitshabalalisa. Kwa loo Thixo enimkhonzayo uyakunitshabalalisa, ngenxa yobudenge benu.” Ubeya kutsho kwa into enye ngale ntsasa. Ubeya kungxola, ukusuka eWhite House aphengulule ukuhla ukuya kwifama ehluphekileyo. Ngokuqinisekileyo ebeyakwenza. Ubeya kubaqhushumbisa, ngeLizwi likaThixo. Ngokuqinisekileyo ebeyakwenza. Leyo yindlela yomprofeti wenyano.

210 “Khangela kuthi, mabandla. Owu, singabakhulu abangcwele icawa iRoma yobuKatolika!” Exelwa, eBhayibhileni, ngokuba liHENYU.

211 “Singamaqhawe oobawo, icawa iProtestanti, sonke simanyene kunye, size sibize i...ibizwa iQumrhu leeCawa zeHlabathi.” Amahenyukazi eHENYU, iBhayibhile itsho. Yilonto kanye Eyayitshoyo. Uh-huh. Kwaye noko sicinga, “Kwaye ngoku zonke iicawa zihamba kunye.”

212 Mnu. Collins, isihlobo sam, umzalwana osuka eCalifornia, Arizona phaya. Elakho—elakho...[UMzalwana uNeville uthi, “Elmer.”—Mhl.] Elmer. Ndathi, “Kulungile, ndiqikelela ukuba uya kwentle encinci icawa yaseWisile.”

213 Wathi, “Ndaphuma kuyo xa bazimanya kwela Qumrhu leeCawa phezulu phaya.”

214 Ndathi, “UThixo akusikelele. Usondela ebuKumkanini, mzalwana.” Uh-huh. Ewe, mhlekazi.

215 Imigaqo yenkolo, ukuxhomekeka phezu konxulumano kunye nabantu, kunye nemfundiso ezenziwe ngabantu, uze ushiye iLizwi likaThixo. Esikudingayo ngumprofeti namhlanje, aqhushumbise ela Lizwi phaya. Yilonto ngokuchanekileyo. Ehe.

216 Bona, bathabatha ukhuselo ngaphakathi kubo. “Owu, sizimanyile. Thina, abakwaMoya, ngokuqinisekileyo, sizimanyile neQumrhu leeCawa ZeHlabathi, ngokuba phaya sinobudlelwana. Siyakubazuzela kweli cala.” Njengomfazi esiya kwigumbi lomdaniso, ukuya kunxila kunye nomyeni wakhe, ukuze amzuzele kuThixo. Ngokungaphezulu njengendoda ihamba nomfazi, kwezi ntsuku, ukuya kwigumbi lomdaniso, ukuya kunxila, ukuze imzuzele kuThixo. Mfitshimfitshi! Hlalela kude kumhlaba kamtyholi.

217 Xa nantoni iphika ela Lizwi, ndichasene nayo. Lonto indeza ndichasane nawo wonke umbutho, ngoba uchasene neLizwi. Kufanele kulenze lonke ikholwa lizive ngala ndlela. Huh!

“Kulungile,” bathi, “kodwa, khumbula, sinoku . . .”

218 Ndinenkulu intwanana ephepheni, mntu uthile undithumelele isuka e-Arizona, okokuba eliqhawe u*Zibani-ka-zibani*, ngenye imini, wathi, “Pope John wamaShumi amabini aneSibini,” okanye nokuba ngubani abambiza ngako, “waba . . . Uyindoda elungileyo. Yindoda ekuphela kwayo eyakhe yathetha ngokumanywa kweecawa, amaKatolika kunye namaProtestanti, ngokuhlangeneyo.” Yathi, “Isenokungezi ngemihla yethu, kodwa, kwiminyaka elishumi elinesihlanu okanye amashumi amabini ezayo, iyakuba lapha.”

219 Ndacinga, “Kwedini, wena uliqhawe, uyaprofeta, kwaye akuyazi lonto.”

220 “Kusemva kwexesha kunokuba sicinga.” Umfo owayibhalela kum, wabhala kumphezulu wephepha, “Kusemva kwexesha kunokuba sicinga.” Ebephulaphula kwiteyiphu, naye. Ewe, mhlekazi. Wathi, “Kusemva kwexesha kunokuba sicinga.” Wathi, “Mzalwana Branham, akukutshongo na oku, kwiminyaka egqithileyo?”

221 Ndathi, “Ngokuqinisekileyo.” Ewe, mhlekazi. Izakwenzeka, ngokuba liLizwi leNkosi. Ifanele yenzeke. Ngokuqinisekileyo. Ehe.

222 Bathi, “Ke, eli qhawe lingcwele, akucingi ukuba lifanele lazi into engaphezulu kunokuya?” Hayi, mhlekazi. Ukuba liphika iLizwi likaThixo, lijonge kulo ngolwahlobo, akanakho.

223 Andikhathali bangaphi oopope, baprofeti, nokuba yintoni enye eninayo phakathi kwenu. Ukuba ungaphandle kwiLizwi, ungaphandle kwiLizwi. Injalo lonto. Angathini uThixo asikelele into enjalo, okoko bephika elona Lizwi likaThixo? Angayisikelela Yena njani nayiphi into ngaphandle kweLizwi Lakhe, into ethile echasene neLizwi Lakhe? Angaliphika njani Yena Lona?

224 Ungawusikelela njani umhlaza okugqibayo? Ungalisikelela njani i—i—icingo lombane olibambileyo, uthi, “Owu, ndibambe unditshise”? Iyakuba yimpambano.

225 Angayisikelela njani uThixo nayiphi into echasene neLizwi Lakhe? Ke buyela emva eLizwini! Uh-huh.

226 Nina gquba labashumayeli, njengezinja zokuzingela, ingxaki nani? Niphuma apha niyokuthengisa ngobuzibulo benu ngenxa yesuphu entubululu, nikhwele nijikeleza ngeCadillac ethile okanye into ethile, okanye elikhulu, eliphakamileyo ipoma ndaweni ithile, kunye nenkulu yezigidi icawa. Kwaye zonke ezo zinto njengezo, nize nithengise ngobuzibulo benu, kwaye nibenentloni nize noyike ukushumayela iLizwi likaThixo erhamenteni yenu. Ndithi, aninantloni ngesiqu senu? Kwaye uzibize umkhonzi, umprofeti kaThixo, nithengise ngobuzibulo

benu ngenxa yembutyulelo yehlabathi. Niyakuvelisa ntoni? Okwamnye njengo Esawu wenzayo. Owu, elinjani ihlazo!

²²⁷ Owu, hayi! UThixo ongcewele oqondele phezu kweLizwi Lakhe, ukulingqinela Lona, akanakuyisikelela into echasene neLizwi Lakhe. Ngoku phulaphula. Ndiyazi ukuba ndisemva exesheni kancinci, kwaye ndingabe ndiyanikrwithshela ekufeni. Kodwa, jonga, ndifuna ukukubuza into ethile. Angathini uThixo oyingcewele, Owathetha iLizwi Lakhe wathi, “Ngoku, zombini amazulu nomhlaba ayakugqitha, kodwa Lona aliyikugqitha, neLizwi elinye Lalo,” ngoku angathini Yena ukuthabatha into echasene nako Okuya aze ayisikelele? Anganyena njani Yena lonto? Jonga. Uyayiqinisekisa, Ngokwakhe. Uyalingqinela iLizwi Lakhe. Utsho oko kulungileyo, hayi ngobulungu.

²²⁸ Jonga kuMowabhi. UMowabhi wayeneLizwi Lakhe, naye, uMowabhi. USirayeli wayeneLizwi Lakhe; yena uMowabhi enomfaneleko wobuthixo, kunye neLizwi Lakhe. Babingelela imibingelelo esixhenxe, ezihlambulukileyo iinkabi, phezu kwezibingelelo ezisixhenxe; inani eligqibeleleyo, umbingelelo ogqibeleleyo. Emva koko, ngaphandle koko, wathabatha iinkunzi zegusha ezisixhenxe, bethetha ukuba bayakholelwa ekuzeni koNyana kaThixo, baze banikela phezu phaya, kunye nophakamileyo ubhishop wabo. Zonke izihlonipheki zabo, bonke ababingeleli babo nababingeleli abakhulu, yonke into engenye, bema jikelele kunye nezikumkani zabo kunye noomongameli, kunye nayo yonke into, baze banikela oku nje ngokusenkolweni kangangokuba benakho, ngokuchasa uSirayeli.

²²⁹ Kwaye nankuya uSirayeli ezantsi phaya, igquba elincinci labakreqi, ngenkangeleko. Kodwa yintoni eyayinoSirayeli? UThixo wayekumkhankaso wabo. Wayezigqina ngoKwakhe, ukuba Wayenabo. Yabona?

²³⁰ Akukhathaliseki nokuba mangaphi na amaqhawe ababenawo, oopope, okanye nantoni na engaphezulu, uThixo akanakuba nabo ade Angqine ngoKwakhe kunye nabo. Kwaye okoko besecaleni eLizwini Lakhe, kwaye bephika iLizwi Lakhe, Angathini ukuba nabo? Akukho miqondiso yoThixo ophilileyo phakathi kwabo.

²³¹ Angathini uThixo ukuba ne U.N., xa ababini bengenakuhamba kunye ngaphandle kokuba bavumelane?

²³² Ngoku, jonga apha. Kukho iBandla likaKristu, elibizwa njalo, lizibandakanye kunye nabakwaMoya. AbakwaMoya bathi bakholelwa ekuthetheni ngeelwimi. Bakholelwa kubungqina bukaMoya oyiNgcwele, ukuthetha ngeelwimi. Bathi bakholelwa *koku*, *okuya*, kunye *nokunye*. Bayakholelwa kwimiqondiso nezimanga. IBandla likaKristu liyabahleka, lithi, “Nina gquba lamaqaba! Oko yayiyimihla eyadlulayo.” Bangathini ababini ukuhamba kunye ngaphandle babe bayavumelana? Kwaye

bazimanya kunye. Yintoni abayenzayo? Bafuna ukhuseleko omnye ngomnye. Kude le ngalonto!

²³³ Ukhuseleko lwam lukuKristu kunye naseLizwini Lakhe, ngokuba iLizwi Lakhe liNguye. Injalo lonto.

Akukho miqondiso yoThixo ophilayo, hayi kwaphela.

²³⁴ Yilonto uYesu wayitshoyo, “Ukuba Andilenzi iLizwi libonakale, ngoko sanukuLikholelwa. Ukuba uThixo akathethi kwaye aprofete ngaM, kwaye atsho ngaM aze enze ngaM kanye oko uMesiya afanele kukukwenza, ngoko sanukuNdikholelwa.”

²³⁵ Ngoko, umfo uthi ungumprofeti othunywe evela kuThixo, aze aphike iLizwi? Thixo yiba nenceba kwinto enjalo! Angathini uThixo enze nokwenza into enjalo?

²³⁶ Mandibuze, ndibuze, ingaba ingoku. A—andazi ukuba ndiyakuphinda ndithethe nani nini. Oko kuyakuxhomekeka kuThixo. Ndibeka nje uKutya, njengoko Wandixelelayo kula mbono ngela xesha, kubeke Kona kwimiphanda.

²³⁷ Ungakhe undibuze, “Angathini u-Amos abone ntlandlolo oko kwakuzakwenzeka kubo?” Kutheni, yakhangeleka ilungile.

²³⁸ Khangela. Ngoku khangela apha. Ngoku, phulaphulisisa ngoku. Ngoba, Oku konke kuseteyiphini, kwaye Iyahamba, Iyakuya kumhlaba ngokubanzi. Yabona? Ngoku njani. . . Jonga apha.

²³⁹ Nanko uSirayeli. Isikolo sabo senkolo sasikwisimo esingcono kunokuba bakhe banjalo. Akukho mntu ubakhathazayo. Babeneenkolo zabo. Kwakungekho mntu uthi, “Aninakunqula uYehova.” “Qhubelani phambili,” zatsho izizwe zabahedeni, “nqulani. Sinesivumelwano, omnye nomnye.”

²⁴⁰ Laa mprofeti wabona phakathi koko. Yabona? Uyakubanjalo nomprofeti wanamhlanje ukubona phakathi koko. Yabona?

²⁴¹ “Qhubekelani phambili.” Kwaye uSirayeli wathi, “Kulungile, masitye, sisele, kwaye sivuye.” Ke baqokelela igquba kwaye benza imithetho ethile yenkolo, kunye nemibutho, amahlelo, kunye nezinto, baze bazilungisa. Kwaye abafazi babo behlala nje elonwabeni kunye nesono phandle phaya. Kwedini, beqhubeka jikelele kwimiboniso yolonwabo kunye nento yonke, benxibe ngokungaphelanga, benxibe iziketi ezincinci zesilika. Ukuba wakhe wabona enye yabo—yabo imbali yezo mini, indlela ababekhangeleka, owu, phantse isinye esithathwini bebabi njengoko benzile namhlanje. Hayi ncam, nakubeni, ngoba babengenakho. Ehe. Kwaye indlela abenza ngayo baze baqhubeke ngolwahlobo; kwaye izikumkani, nababingeleli, kunye naye wonke umntu ongomnye.

²⁴² UYesu wathi, “Niginya izindlu zabahlolokazi, nina bahanahanisi.” Wayitsho. Kwaye zonke ezi zinto babezenza.

243 Laa mprofeti eme apho, ejonge ezantsi phezu koko, esa sizwe sinjeya, akumangalisi intliziyo yakhe yakrazuka kuye. Ewe, mhlekazi.

244 Ngoku, uthi, “Wakwazi njani okwakuza kuqhubeka? Wabanakho njani ukuyibona? Njani?” Yonke yayikhangeleka ilungile. Kutheni, babenokuninzi kokutya. Babeneninzi yokunxiba. Bona, babeneecawa zabo ezinkulu. Bayahluma. Imali ihlwayelwe endaweni yonke, ulonwabo. Imidaniso ezitratweni, ukungcola, kwaye yonke enye into nje iqhubekela, kwaye yonke into iqhuba kakuhle. Nje ngeMerika namhlanje. Umabonwakude ugwele ziziqhulo ezingcolileyo, abafazi abahlutyiweyo ngokungaphelelanga, yonke into engenye. Yonke into oyibonayo ngumgquba nesono. Akudingeki ukuba ujonge kumabonwakude, nje vula amehlo akho, jonga naphina. Amantombi, amakhwenkwe, amadoda, abafazi; betshaya, besela. Bona ooJezebhele bazibiza ngamaKristu. Abatyholi abangcolileyo bazibiza ngamaWisile, Bhaptizi, Rhabe, Katolika, kunye nabakwaMoya. Uh-huh. Uh-huh.

Akumangalisi nje wancwina amehlo akhe xa wajongayo. Huh! Injalo.

245 “Ikhangeleka lungileyo. Ungayisindisa njani? Ukuba siyaku... Njani? Njani? Jonga apha. Kulungile, si—sinezigidi ngaphezulu. Si—sine... Si... Izakhiwo zethu zi, owu, iicawa zethu zinkulu kakhulu, kufanele sakhe iicawa ezintsha. Kulungile, sinemali ekangakanana, asazi masenze ntoni ngayo. Kutheni, sakha nje ezona zintle iindawo es—esizweni. Ezona cawa zakhe zakho, zezethu. Kwaye siseneninzi imali. Akucingi ukuba uThixo usisikelele?” Hayi. Nisecaleni eLizwini Lakhe.

246 “Kwaye, Mzalwana Branham, uthetha ukuba uThixo uzakukutshabalalisa oku?” Ewe, yonke yayo.

“Wazi njani?” u-Amos, wazi njani?

247 Nje kanye ngogqirha exilonga ingxaki. Xa efumana isifo esikwisigulana, uyazi emakakwenze. Uyazi ukuba esasigulana sinantoni. Uyazi ukuba ityhutyhe kangakanani. Kwaye uyazi okuzakwenzeka. Yiloo ndlela nomprofeti, umprofeti wenyaniso, xa ebona. Andikhathali nokuba wena wenza ntoni. Xa ebona isono sikhula, ngumhlaza odlavuzayo. Kwaye ityhutyhile, kwabakwaMoya kunye nakubo bonke, ayinakubuyela emva. Ikwinqondo elityhutyhileyo. Bazakutshabalala.

248 Yilondlela u-Amos wayenokuxilonga ingxaki. Wayixilonga ngeLizwi likaThixo. Yilondlela u—umprofeti wenyaniso axilonga ingxaki, aze athi kubafazi, “Nigaze nizame ukuya eMgwebeni kunye neenwele ezinqothulweyo, ngelixa nazi ngcono.” Ndithi kuni madoda, nina nonke, nani bashumayeli niphika iLizwi, kwaye nibe ninomfaneleko wobuthixo, kwaye nizibandakanya nemibutho, ukuphepha umba, ngelixa nazi ngcono. Nijonga kwa kwiLizwi elinye umprofeti wenyaniso

ebeya kujonga kulo. Uxilongo lwengxaki luthi, “Ukufa! Ukwahlulwa!” Kanye nje ngogqirha, uyayazi ingxaki. Uyazi hlobo luni lwempawu enayo.

²⁴⁹ Jonga kwesi sizwe. Xa usithi, “AbakwaMoya benzile.” Ngelixa, bengasayi nkqu bakuvumele uze ecaweni, ngoba ushumayela kubafazi malunga neenwele ezinqothulweyo, kwaye iBhayibhile iyayohlwaya. Boyika uyakutsho into ethile malunga. . .

²⁵⁰ Apha ngenye imini, xa ndandisenza eminye imikhankaso, uRoy Borders waye, kwi West Coast, bamzisela ndawonye, igquba labalungiseleli, malunga, owu, ndiqikelela amashumi amane okanye amahlanu abo, apho ndandinomhlangano omkhulu. Bathi, “Mnu. Borders, ndifuna ukukubuzisa into ethile.” Bathi, “Ingaba yinyani ukuba uMzalwana Branham usebenzisa iGama leNkosi Yesu Kristu ukubhaptizela?”

²⁵¹ UMnu. Borders, inene elihlonipheke kakhulu, njengoko umazi uMzalwana Borders khona apha. Wathi, “Bahlekazi,” wathi, “UMzalwana Branham, xa engaphandle kwimikhankaso, ngaphandle, oku,” wathi, “akashumayeli. Uyaqhubeleka phambili nje kwaye athandazele abenu abagulayo. Wenza malunga nalonto.”

²⁵² Wathi, “Asiyilonto ndiyibuzileyo,” wathi umongameli. “Ungaba uyayenza?” Ngoku, babeneeteyiphu. Bayayazi. Bathi, “Ingaba ubhaptiza eGameni likaYesu Kristu?”

²⁵³ Wathi, “Ewe, ebandleni lakhe. Kuphela kwendawo abhaptizela kuyo, kwibandla lakhe.”

²⁵⁴ Wathi, “Nantso ke. Yilonto kuphela endifuna ukuyiva. Asimfuni. Asimfuni laa mphambusi phakathi kwabantu bethu.”

²⁵⁵ Kwaye ngenye imini, xa umhlobo wam olungileyo, u-Ed Daulton, wafumana incwadi esuka kwibandla leBhaptist. Wathi, “Siyakukwaya kubudlelwana baseBhaptist, ngokuba uzibandakanye kwisiphambukiso sokubhaptizelwa eGameni likaYesu.”

²⁵⁶ Ndithanda ukuma noPawulos, “Koko ihlabathi likubiza isiphambuso, leyo yindlela endinqula ngayo uThixo, ngoba liLizwi Lakhe.” Ewe, mhlekazi. Ehe. Owu, ngokuqinisekileyo.

²⁵⁷ Ugqirha uxilonga ingxaki. Uyabona apho ikhoyo. Umprofeti wenyaniso uxilonga ingxaki, ngeLizwi. Yena ntoni? Ugqirha uxilonga ingxaki yakhe, ngeempawu. Ingaba injalo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ujonga kwimpawu kwaye abone okuyingxaki kunye nesigulana. Ubona ukuba ityhutyhe kangakanani, aze athi, “Akukho nto inokwenziwa.”

²⁵⁸ Kwaye umprofeti wenyaniso uthabatha iLizwi likaThixo aze axilonge iingxaki, agalele iYeza kuLo. Kwaye abantu baLigibisela emva ebusweni bakhe. Yintoni eza kwenzeka? Ukutshabalala, yilonto kuphela; abathandi beziyolo, igquba

elirhonorhono lehlabathi lababizwa ngabahanahanisi! Kodwa yindlela yomprofeti wenyaniso. Yabona? Owu, bethu!

²⁵⁹ Uyazibona izifo. Uyabona ukuba bamkile kwiLizwi. Walibona iLizwi. Kwaye wayezazi iziphumo ezazisiza. Walubona ulonwabo ababephila kulo, wabona indlela abafazi ababesenza ngayo. Wabona indlela abo babingeleli babesenza ngayo, indlela abamka ngayo kunqulo olululo lukaThixo, kunye nezinto ezinjalo. Apho, waba ne—waba nempendulo. Wathi, “Laa Thixo enibanga ukuba nyakumkhonza uyakunitshabalalisa.”

“Kutheni?”

²⁶⁰ “Aniyigcinanga Imiyalelo Yam.” Kwaye noko babecinga babeyigcinile. Andifundanga na apha? Umqolo wesi-2, wesi-4. . . isahluko sesi-2, umqolo wesi-4, “Ngokuba Ndinonyule ukuba nibe. . . Kuyo yonke imizalwana yomhlaba, Ndonnyule nina, kwaye noko nalile ukuhamba ngeMiyalelo Yam.” Nicinga. . .

²⁶¹ Lowa umncinci, untloko inempanzela womprofeti emi phaya kunye neendevu ezingwevu zidlakadlaka emehlweni akhe, etshawuza umlilo, ethetha nelagquba lababingeleli kunye nezinto, kwaye esithi, “UThixo enithi nina bahanahanisi nenze ngathi niyamkhonza, laa Thixo umnye uyakunitshabalalisa.” Nicinga uyakufumana intsebenziswano? Huh! Wathi. . . Owu, bethu! Yena, mzame namhlanje uze ubone uyakuyenza. Hayi. Kodwa yena intoni? Leyo yindlela yomprofeti wenyaniso. WayeneLizwi. Wayesazi ukuba Liyintoni.

Njengo Mikaya wakudala. . .

²⁶² Usana oluncinci endilunikezeleyo, ndigqithise amanye awo, kwimizuzu embalwa egqithileyo, ngoba ndilikhawulezisile ixesha.

²⁶³ Kodwa, uMikaya, xa wema phambi ko Ahabhi, wajonga kubo. Wayelazi iLizwi. UMikaya wathetha iLizwi kubo. Ngokuba? UMikaya wagweba umbono wakhe, iMfundiso yakhe, ngeLizwi likaThixo. Kwaye wabona ukuba iMfundiso yakhe kunye neLizwi zazinye. Ngokuba, iLizwi lathi Uyakumqalekisa u-Ahabhi, kwaye Uyakubangela izinja zixhaphe igazi lakhe. Yilonto iLizwi layitshoyo.

²⁶⁴ Ke, uMikaya waba nombono. Lowo ngu, wayengumprofeti. “Jonga iLizwi eliza kum.” Kwaye wathandaza, “Owu Nkosi Thixo, yintoni emandiyenze? Yintoni emandiyitsho kweligquba labashumayeli lime apha? Naku apha yonke imibutho. Wonke ubani emhlabeni uhlange ngokuchasene nam, Nkosi. Naku ndimi phambi kokumkani. Yintoni emandiyitsho?”

²⁶⁵ Kwaye wangena kumbono. Wathi, “Nyukela phezulu. Hamba.” Wathi, “Kodwa ndibona uSirayeli echithachithiwe njengezimvu ezingenamalusi.” Ehe.

266 Lowa—lowa mongameli wesithili wenyuka waza wamqhwaba emlonyeni, waza wathi, “Liyephi iLizwi likaThixo, uMoya kaThixo, uyephi, xa Waphumayo kum?” Waphumayo kuye?

267 Uyazi ukuba uThixo wathini na? Wavumela umtyholi ukuba ehle, angene phakathi kwabo, ngokuba babephumile eLizwini, indawo yokuqala.

268 IBhayibhile yathi, “Ukuba abasayi kulikholelwa iLizwi, Uyakubanika ulahlekiso olukhulu, ukuba bakholelwe ubuxoki, kwaye bagwetywe bubo.” Yilonto kanye le mibutho kunye nabantu besi sizwe bayenzayo namhlanje, bakholelwa ubuxoki, ukuba bagwetywe bubo. “Ngokuba akukho Gama limbi elinikiweyo phantsi kweZulu onokusindiswa ngalo.” Yima emgceni, mibutho, njalo njalo. Ewe.

269 Ngoku, benza ntoni aba . . . ? . . . Bakhangela phi abanye aba baprofeti? Babengabaprofeti. Ewe, mhlekazi. Babengabaprofeti. Kodwa ukuba babenokuma bahlole isiprofeto sabo ngeLizwi!

270 Ukuba amaWisile angema namhlanje aze ahlole isiprofeto sawo, ebengasokuze atshize omnye umntu. Ebeya kwamkela uMoya oyiNgewe. Ebeya kubhaptiza wonke ubani ngokuntywilisela, eGameni likaYesu Kristu. Ukuba i-Assemblies of God ibingema namhlanje ize ijonge isiprofeto sayo, ibiya kubuyela emva eLizwini. Ukuba aboBunye, namhlanje, bebenokuma bahlole isiprofeto sabo, bebeya kubuyela emva eLizwini.

271 Kodwa, uyabona, ukuba bona abaprofeti bebenokuma baze bahlole isiprofeto sabo! Bacingisise. Bathi, “Oko kokwethu. Ke siyakunyuka siye eRamothe-Gilead kwaye siyakuyithatha, ngokuba yeyethu. UYoshuwa wayabela thina.”

Kodwa uMikaya wathi, “Oko kuvakala bhadlileyo.”

272 Kodwa yilonto kuyiyo. Akufuni kucingisisa. Ufuna ukukholelwa lonto uThixo ayitshiloyo. Sukucingisisa.

273 Ingaba bekunokuthini ukuba u-Abraham wayenokucingisisa? Ebenganakho kwa ukuba nakho ukuwushiya umhlaba wakhe? Ebenokuyenza njani enekhulu leminyaka ubudala, wabe esadumisa uThixo, kwaye babezakuba nosana ngoSara, kwaye naye enamashumi asithoba?

Lahla kude izizathu zakho. Kholwa nje.

274 Uvumela umtyholi akuxelele, “Uyazi, uMzalwana Branham akayonto kuphela umhanahanisi.”

275 “Ngoku, ngoku ndiyalinda, makhe ndijonge ukuba unjalo. Masijonge ukuba ufundisa kakuhle. Mandibuyele emva eBhayibhileni.” Suku, sukuya . . . Akayi kuvumela ukuba uyenze lonto. Hayi, hayi. Yabona?

276 Kodwa uyakutsho okubi malunga nam, unokuba nelungelo lokutsho, ngoko uqhubeka ufumana oko, yima uqalise ukucingisisa, “Ehe. Bekungafanelekanga ukuba akwenze *oku*. Bekungafanelekanga ukuba akwenze *okuya*.” Niqalisa ukujonga kum, kulungile, ninokuninzi.

277 Kwaye beninokujonga kwiNkosi Yesu. Ningafumana okuninzi. Jongani kuYe, nje umzuzu. Ndizakubeka ngamnye kuni umlungiseleli. Ngoku sizakulibala ukuba wakha wasemhlabebeni Yena. Nantsi iNkwenkwe ebonakalisileyo, isizwe sonke ngaphaya, okokuba Yona i—inguMntwana ozelwe ngobugqakhwe. Unina waba Naye phambi kokuba yena kunye noyise Wakhe bakha batshata. Iqinisekisiwe. (Ngoku, abayi eLizwini, “Intombi iyakumitha.”) Babesiya nje koko bakuvileyo, yabona, “UMntwana ongumgqakhwe.” Abazange na bamxelele Yena, “Yena wazalelwa esonweni, ezama ukubafundisa”? Ndingu . . . Yabona?

278 Kwaye jonga koko Wayekwenza. Wayekrazula kanye yonke icawa eyayikho elizweni. Ingaba kwakulungile oko? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Imibutho, yonke into engenye.

279 Wayeyintoni Yena? “Nje iNkwenkwe endala ezulayo ngolwahlobo, uMfo omncinci, ongena hlelo. Ndixelele yeyiphi icawa ohamba kuyo Wena. Ngubani uyihlo Wakho? Uthi uYosefu akangoyihlo Wakho?”

“UYosefu akangobawo Wam,” Wayenokutsho.

“Ke, ngubani uYihlo Wakho?”

“UThixo nguBawo Wam.”

280 “Ke, Ubaxekile! Yilonto kanye oyiyo Wena. Wena, ekubeni unguMntu, uze uthi uThixo nguYihlo Wakho?”

281 Ukuba babenokuyihlola yona ngeLizwi! Haleluya. Akuboni ntoni? ILizwi kwakufanele lenziwe inyama. Abazange bawuhlole umbono wabo ngeLizwi. Yilonto.

282 Yiloo nto iyingxaki namhlanje. Aniwuhloli umbono wenu nge . . . isiprofeto senu—senu kunye nemfundiso yenu, ngeLizwi likaThixo. Umntu othile uzama ukuxelela iNyaniso, uze emva koko ukhubeke kubo, nje ngohlobo u-Amos ebenakho, u-Amos wayenza. Nenza kwa into ekwanye.

283 Ngoku jonga apha. Ukule meko. Ngoku, ubunokumohlwaya, mhlawumbi, kulungile oko, ukuba ubungabuyelanga emva eLizwini. Benza into ekwanye. Bayamohlwaya Yena namhlanje.

284 Kungathini ukuba nina bafazi, *apha nalapha*, ehe, kutheni ningahloli uluvo lwenu ngokuphothwa kweenwele ngeLizwi, nize nijonge ukuba Lithini? Yabona? Kutheni ningazenzi ezozinto?

285 Kutheni ningahloli ubhaptizo lwenu, lo “Yise, Nyana, Moya oyiNgcwele,” oba buxoki bo “ziqu-zithathu,” obubizwayo,

obungeyonto ehlabathini koko izikhundla ezithathu zoThixo omnye, izihloko? Akukho *gama* lika “Yise.” Akukho nto injalo eli *gama*, “Yise, Nyana, noMoya oyiNgcwele.”

²⁸⁶ IGama likaYise, Nyana, noMoya oyiNgcwele, lingu, “iNkosi uYesu Kristu.” Hlola ubhaptizo lwakho kunye nendlela wonke ubani eBhayibhileni abhaptizwe ngayo. Ukuba ubunokuhlola ingcinga yakho ngeLizwi, ubu—ubunokubuyela emva kwaye ubuyakubhaptizwa eGameni le “Nkosi uYesu Kristu.”

²⁸⁷ Yilonto uPawulos wabaxelela ukuba bayenze. Kwaye wathi, “Ukuba nabani ongomnye ufundisa nto yimbi eyahlukileyo, maka—makaqalekiswe, nkqu nokuba yiNgelosi iyehla.”

²⁸⁸ Niyazi, kumaxesha amaninzi, iiNgelosi ziyehla. Kwedini, indlela abakwaMoya abayitya ngayo lonto!

²⁸⁹ Maxa waphi xa uMartin oNgcwele wayeme phaya, kwaye nako kumi okukhulu ukubengezela kumi phambi kwakhe?

²⁹⁰ Indoda eyayibhaptizela eGameni likaYesu, eyayikholelwa kuMoya oyiNgcwele, kwaye yangcina iLizwi! Kwaye amaRoma emkhabela ngaphandle, kwaye esenza yonke into kuye, ezama ukumnika imigaqo yenkolo yabo kunye nezenziwe ngumntu iimfundiso. Laa ndoda yema eLizwini.

²⁹¹ Ngenye imini, emandleni ayo, umtyholi ebeya kuza kuye aze azame ukuthetha naye. Ebengayi kubahoya.

²⁹² Ngenye imini, uSathane weza ngolwahlobo, njengoKristu, ethwesiwe, eneebhadada zegolide, wema apho waze wathi, “Aku...” Amalangatye omlilo emgqongile. Wathi, “Akundiqondi na mna, Martin? NdiyiNkosi yakho. Ndinqule.”

UMartin wamjonga. “Kukho into engalunganga phaya.”

²⁹³ Wathi, “Martin, akundiqondi na mna?” Wathi, “NdiyiNkosi noMsindisi wakho.” Wathi, “Ndinqule.” Wakutsho oko amatyeli amathathu.

²⁹⁴ Kwaye uMartin wabhekabheka. Wabona, uKristu uyakuthweswa ngabantu Bakhe, ekuFikeni. Akayi kube enxibe iibhadada zegolide. Wathi, “Hamba umke kum, Sathane.”

Kwendini, ingaba abakwaMoya bebengayi kuyitya lonto? “Kwedini, iNgelosi ebengezelayo ekhanyayo!”

²⁹⁵ Laa mfazi wehla, eChicago apho ndiya khona, wathi, “Mzalwana Branham, abalungiseleli phezulu phaya bathi ukuba iNgelosi yeNkosi yakuxelela ukuba ubhaptize eGameni likaYesu, bayakuyamkela. Kodwa ingaba yingcinga yakho oko?”

²⁹⁶ Ndathi, “Ukuba iNgelosi yeNkosi itsho okuchaseneyo koKuya, ayisayi kuba yiNgelosi yeNkosi.” Yabona?

²⁹⁷ Ukuba nayiphi iNgelosi itsho nayiphi into echasene kwe*li* Lizwi, mayibelixoki. Kwaye ukuba indoda ikuxelela, umthunyuwa ovela kuThixo, ithi ivela kuThixo, kwaye ikuxelele,

“Kulungile ukubhaptizwa, igama lika ‘Yise, Nyana, Moya oyiNgcwele,” mayibe lixoki.

²⁹⁸ Ukuba indoda ikuxelela, “Kulungile konke kuwe, ukuba neenwele ezinqothulweyo, kunye nezinto ezinjalo; okokuba ufanele unxibe umnqwazi ebandleni, ukwenzela isigqubuthelo, ‘ukuba ibe sisigqubuthelo,” mayibe lixoki.

²⁹⁹ ILizwi likaThixo, liyiNyaniso. Nayiphi yezi zinto ezichasene neLizwi, mayibe bubuxoki. LiLizwi, liyiNyaniso. Liyakuma.

³⁰⁰ Seso sizathu uMikaya wayenokwazi ukuba isiprofeto sakhe sivela kuThixo, ngokuba sasineLizwi likaThixo. Ewe, mhlekazi. Umbono wakhe waginana nje neLizwi elinye likaThixo.

³⁰¹ Owu, ukuba u-Amos ebelapha, ebeya kuhlala neLizwi. Injalo lonto. Kodwa, uyabona, yintoni ingxaki namhlanje, kunye nathi, ifana nento eyiyo kubo. Ndilungiselela ukuvala. Ingxaki nathi ifana neyayinabo. Babefundisiwe, bemka eSisekweni. UYesu wathi, “Nilenze iLizwi likaThixo into engento ngezithethe zenu.” Kunye nolabhaptizo lobuxoki! Lomqondiso wobuxoki wokwamkela uMoya oyiNgcwele! Abanye babo bathi, “Xhawula isandla.” Abanye babo bathi, “Thetha ngeelwimi.” Ndizivile iidemon zithetha ngeelwimi, zixhawula izandla, nazo. Ewe, mhlekazi. Akukho mqondiso waYo. Ngoku, zonke ezi zinto njengezo, zonke ezo zinto, yabona, uphuma eLizwini likaThixo ukuya kufundisa ezozithethe. Injalo lonto.

Ngoku, ebeya, ebeya kufanela akubuyisele emva eLizwini.

³⁰² Kodwa senzile, ootitshala bethu, babafundisile abantu, ecaleni kweSiseko seLizwi likaThixo. Ngoku phulaphulisisa.

³⁰³ Yilonto bayenzayo phaya. Yilonto u-Amos wayebaxelela yona. “UThixo enibanga ukumazi, Nguye Lowo uzakunitshabalalisa.”

³⁰⁴ Ngoku, sibafundisile, ecaleni kwaso (intoni?) iSiseko so “uKholo olwakhe lwanikelwa koobawo bepentekoste,” ehe, iBhayibhile. Bafundisa intlambululo yobuxoki! Bafundisa ubhaptizo lobuxoki! Yonke into, ubuxoki, ubuxoki, ubuxoki, ukwahlulwa kwiSiqalelo.

³⁰⁵ Akuyikholelwa? Buyela emva eBhayibhileni, kwaye uthabathe “intlambululo,” yakho kwaye uthabathe “uYise, Nyana, Moya oyiNgcwele,” wakho kunye no “kutshiza,” kunye nayo yonke lonto, uze ubuyele emva kwaye ubone ukuba ingokweSibhalo. Leyo yindlela. Fumanisa ukuba ikwiSiseko. Yabona? Baphumile kwiSiseko.

³⁰⁶ Leyo, uPawulos wayitshoyo, iBhayibhile. IBhayibhile ithetha oko, i-i...oko, “IBandla likaThixo lisekelwe phezu kweMfundiso yabapostile nabaprofeti.” Abaprofeti nabapostile kufanele babe yinto enye. Ngokuqinisekileyo.

³⁰⁷ Intoni? Siphumile kwesa Siseko seLizwi, saya kwiziseko zobuhlelo.

308 Phulaphula ngoku. Ndiyavala. Faka izinceda kuvisa zomoya zakho. Phulaphula.

309 Siphumile kwiSiseko seLizwi, saza saba kwisiseko sehlelo. Kukade kangakanani ndinokuhlala koko? Ezinye iiyure ezintathu. Ekuphumeni kwiSiseko seLizwi, ukuya kwisiseko sokuthanda ihlabathi, ukuthanda ihlabathi, ukungcola okuchwechwela ibandla. Ukuphuma eLizwini, ukuya kwimigaqo. Oko kuyakundithabatha iiveki ezintathu ukuyishumayela ingene, esiqingatheni, ukuphawula okukane kanye phaya. Ukuphuma eLizwini, ukuya ehlelweni, kwilizwi lehlelo. Kwamsinya ekubeni i—ibandla lazenza ihlelo, liphumile eLizwini kanye apho.

310 Akukho yimbi koko yinto enye. Buyela kanye emva apho ishiye khona, kwaye uhambe kwakhona. Buyela emva eLizwini. Injalo lonto. *Guquka* kuthetha uku “ya, ukujika, ukuphethuka kobuso.” Uya kwicala elingalunganga. Kulungile.

311 Ihlelo lolonwabo. Ihlelo lehl- . . . I—isiseko, ndithetha, lo—lolonwabo, isiseko sokuthanda ihlabathi, isiseko semigaqo. Kunye nako konke okuya, kuhlange, kuzala ukonakala kokungcola, ukonakala ngokomoya.

312 Yena ekubeni engumprofeti wenene, ebeya kubona ngaphakathi kwethu oko wakubonayo kubo. Ukuba ebeme apha kweliqonga namhlanje, kwaye bendiya kuthi, “Mzalwana Amos, mprofeti omkhulu kaThixo, wena ungoyikiyo, yiza apha kwaye uthabathe indawo yam,” ebeya kushumayela eli Lizwi. Ebeya kufanela enze. Ngumprofeti. Kulungile. Ebeya kulishumayela Lona kanye ngqo ngendlela Elibhalwe ngalo, nje lento siyitshoyo ngoku. Kulungile. Ebeya kubona ngoko oko akubona kuthi, ukungcola okubolileyo.

313 Khanijonge, zihlobo. Bangaphi apha, kweli bandla likhona apha ngoku, ababonayo ukuba ilizwe likukungcola okubolileyo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngokuba, siyazi linjalo. Yintoni ingxaki? Liphumile eLizwini. Injalo. Kulungile.

314 U—Amos zange abeke tyala rhulumente. Ingaba umqaphele apha, xa uyifunda xa ugoduka? Zange abeke tyala rhulumente, wabeka ityala ibandla ngokonyula urhulumente onjalo. Hum!

315 Nina bezopolitiko, makhe ndikuyeke oko kusile apha kuni ithuba, apha nakwihlabathi jikelele, apho iyakuya khona. Ibandla lenyule into enjalo enje ngoYarobheham. Ingaba ukuba aku, thina, asenzanga kwa into enye? Masithi ngurhulumente olungileyo; urhulumente akanakwakha ndlu elityeni xa abantu benyule indlu entlabathini. Unakho? Sanukuthi, “Urhulumente wethu! Urhulumente wethu!” Nini, isizwe. Ngabantu. Angathini. . .

316 Umlungiseleli wathi kum, wathi, “Mzalwana Branham,” wathi, “jonga. Ndiyazi uchanile kuko Okuya. Kodwa,” wathi, “ukuba ndingashumayela Okuya, ihlelo lam liyakundikhabela

ngaphandle, abantu bam bayakundikhupha ebandleni.” Wathi, “Andisayi kuphinda ndishumayele esinye isifundo.”

Ndathi, “Shumayela Yona, nakanjani.” Ewe, mhlekazi.

³¹⁷ LiLizwi likaThixo. Unoxanduva. Ukuba ungumprofeti kaThixo, wenyaniso, uyakuhlala neLizwi. Ukuba akunjalo, uyakuhlala nehlelo lakho. Kuxhomekeka apho usuka khona.

³¹⁸ Jonga. Hayi, mhlekazi. Asinakwakha, urhulumente akanakwakha indlu phezu kweLitye elomeleyo xa abantu bevotela indlu yolonwabo kwintlabathi ezikayo.

³¹⁹ Jonga esikufunayo. Masithabathe umzuzu ngoku. Ndiyathemba andinidini. [IBandla lithi, “Hayi.”—Mhl.] Kodwa masijonge oko sikufunayo, nje umzuzu. Andinaku dlula oku kuphawula, lo mbhalo. Jonga oku sikufunayo.

³²⁰ Jonga kumabonwakude wethu. Yilonto siyifunayo. Sifuna abanye babahlekisi bame phaya baze benze zonke iintlobo zeziqhulo ezimdaka, kwaye sihlale ekhaya singayi kumhlangano womthandazo wangoLwesithathu ebusuku, okanye umshumayeli akukhuphe phambi kwethuba ukuze niye niyokuyibukela; ezinye ezindala ezinyhukunyhuku, ezimdaka, abatshata kahlanu-okanye kathandathu amatyeli, ihenyukazi, lisitsho iziqhulo ezimdaka, enxibe ngokukhanukisa, kwaye eqhubeka njengayo yonke into. Kwaye niyithanda lonto ngcono kunokuba nithanda indlu kaThixo, ibonakalisa luhlobo luni lomoya okuni.

³²¹ Siyayivumela. Thina, abantu, ukuba abantu besisizwe bebenokubhalela iincwadi urhulumente, yithi bekunokubakho amakhulu ezigidi zeencwadi zisiya kula rhulumente, “Nqanda ezonkqubo zinyhukunyhuku,” bebeyakuyenza lonto. Singabantu. Kodwa thina, bantu, sifuna ubunyhukunyhuku, ngoko yilonto siyifumanayo.

³²² Jonga kwinkqubo zikanomathotholo. Owu, bethu! Kujikwe *uRock of Ages* ukuba abe kukuzibhijabhija. Uh-huh. *Old Rugged Cross* ukuma kukubhinyalaza, irock-and-roll ngokwayo. *The Old Rugged Cross*, ehe, ngokuqinisekileyo, konomathotholo bethu, umabonwakude. Yonke i. . . Yenzeka apha, kungekudala kakhulu, wona amajikazi, wona amantombazana amancinci. Yonke into nje ingcolile njengoko inokubanakho, yilonto esiyithandayo.

³²³ Ixhaswa ngezimali yintoni? IBhiya, whisky, imidiza, imali yesizwe. Benza ntoni? Bathabatha imali yabo yerhafu, ebifanele iya kurhulumente ibe yeyerhafu, baze bahlawulele iinkqubo ezinyhunyhuku ezimdaka zikamabonwakude abazenzayo.

³²⁴ AbakwaMoya babeqhele ukungayi kuleyo imdaka, inyhukunyhuku imiboniso mifanekiso xa benemidlalo enjalo. Umtyholi ubeke enye kuni, ufake umabonwakude endlwini yakho.

325 Indlela yomprofeti wenyaniso inzima kakuhle, kodwa masihlale neNyaniso. Ewe, mhlekazi.

326 Jonga kwibhodi zethu zemiboniso. Abafazi bemi ngaphandle, kunye nemidiza ezandleni zabo, wonke uJezebhele omncinci elizweni. Ndaya kwi . . .

327 Ngenye imini, ndabona into engaqhelekanga. Kwakukho umfazi omnye oweza ngapha kwisikolo khona phaya, ukuya kuthatha abantwana, xa ndawelela ngaphaya ukuya kubathatha, lowo wayengenazo ezimfutshane; kwaye, yayi, yenomkhence imozulu. Bonke ngabanye benomdiza. Kwamsinya befika phaya baze beme, babengenayo imidiza, bayintumeka ngokukhawuleza kakhulu, kwaye, “Whew! Yabona ndiya kanjani?” Bebambe esasandla ngaphandle kocango, *ngolu* hlobo, kunye nomdiza esandleni sakhe. Kwaye utsho into ethile kulonto, owu, bayakugqabhuka. Ngokuqinisekileyo.

328 Utsho into kuxengaxengayo okanye itshivela, okanye omnye wabo phandle phaya, baya kudubula. Kwaye urhulumente ebeya kubaxhasa, ngoba basafikisa nje. “Owu, lonto ilungile. Bona, abaqondi. Basafikisa nje. Atsibe phezu kwayo.”

Ngoku uyabona into ayithethayo umprofeti wenyaniso, indlela yakhe?

329 Jonga kwababaphuphi banyhukunyuku ezicaweni, kunye namahlelo abo, bayakudubula kanye emqolo. Kuphela kwento ebenze ukuba bangayenzi lonto, yinceba kaThixo, de uMyalezo ube ugqibile. Umtyholi uyakukubulala, ukuba unokuyenza lonto. Injalo. Kodwa uMyalezo ufanele uhambe. “Mna Nkosi ndiyakubuyisela.” Injalo lonto. “Ndinakho kulamatye ukuyivusa.” Injalo lonto. Ilungile.

330 Umfanekiso wethu ubonisa, ibhodi zethu zemifanekiso, aboni bethu abathanda iziyolo bezibiza amaKristu. Abantu abazibiza amaKristu; abathandi beziyolo, abazingeli-nkanuko. Abafazi, abanxibe ngcolileyo; amadoda ejonge kubo, bebabizela amakhwelo, bezibiza ngoba ngamaKristu, bezikhupha. Ngokuba, banayo kwa i—banayo kwa i . . .

331 Yinto enkulu eFlorida, California, yokuba banemibutho emikhulu ngoku. Onke amadoda ahlanguka kunye aze aphone izitshixo zawo ngaphakathi, baze abafazi bangene ngaphakathi baze bafumane esinye sezitshixo khona phaya. Kwaye nokuba kuthe kwangubani, uthabatha umfazi agoduke naye. Bahlala iveki, emva koko babuye, baphose isitshixo, izitshixo kwakhona. Yabona? Ngumbutho. Abantwana abazalwe ngobugqakhwe kunye nayo yonke engenye into, ihagu itya ihagu, inja itya inja. Yintoni ingxaki? Kungokuba balishiyile iLizwi.

332 Abayazi ukuba intlonipheko yintoni. Phandle apha kunye nencinci, endala epitsayo ilokhwe kubo, kunye nezinto ezinjalo, kwaye amadoda ebakhanuka, kwaye bacinge ukuba bahloniphekile. Kungaba mhlawumbi zange wenze

nto engalunganga, dade, kodwa mandikuxelele into ethile, usisixhobo somtyholi. Kwaye eMkhumbini woMgwebo, ITSHO INKOSI, uyakuphendula ngokukrexeza, kwaye umphefumlo wakho uyakuphela. Wazi ngcono. Uyazi ngoku, nakanjani. Injalo.

³³³ Inkqubo yethu yonke yonakele kwaye ibolile. Ngabantu bethu, into abayifunayo. Njengendoda elungileyo yendlu, kulungile, ukuba indoda ibiyindoda elungileyo yendlu, ibeke ityala urhulumente... Yilonto ethumele amakhwenkwe ethu phandle apha senze abahloli zinkanunu ngabo, injalo, ngenxa yokonakala kwethu. Ukuba siyayithanda iNkosi kwaye sikhonze iNkosi, kwaye sivotele uhlobo olungileyo lukarhulumente kunye nayo yonke enye into, ibiyakuba yindawo entle kakhulu. Injalo lonto. Besingasayi kuba nazimfazwe. Hayi. UThixo ligwiba namandla ethu. Sithumela amakhwenkwe ethu ngaphandle kwaye abulawe, axatyelwe, kunye nayo yonke into engenye, kungokuba izenzo zethu ziyenze yenzeka. UThixo utshilo njalo, eBhayibhileni, kwaye Akaguquki. Ukwamnye nje. Yinto efunwa ngabantu benu.

³³⁴ Njengendoda elungileyo yendlu, kungathini ukuba yindoda elungileyo? Ifuna ukwenza lungileyo. Ifuna ukuphilela uThixo. Kwaye inelithanda iziyolo, elithanda ukungcola usapho. Izakwenza ntoni indoda, xa umfazi wayo efuna ukunxiba ezimfutshane, kwaye anxibe ezikhanukisayo-ngenkangeleko impahla, aze aphumele ngaphandle aziphathe njengo Jezebehele, iintombi zayo kunye nabo bonke abantwana bayo, kunye nabo bonke babo? Utata wakhe... Inkwenkwe encinci yayo eyikhulisileyo, yaza yayithanda, kwaye yayimbambazela kwaye yayiphuza, kwaye yayilalisa ebhedini, kwaye yayithandazela, ime, ithi, "Ixhego lam liphambene. Konke elikucingayo yiBhayibhile." Yintoni enokuyenza la ndoda ngosapho lwayo?

³³⁵ Yinto enye norhulumente wethu, malunga nabantu bakhe apha. Sanukubeka ityala urhulumente. Bekani ityala eligquba liwileyo leecawa, ngokubeka izinto ezinjalo kwiipolitike zazo, njengokuba zinazo. Ziyayifuna. Seso sizathu ziyivoteleyo, kwaye seso sizathu ziyifumene. Kwaye seso sizathu umgwebo kaThixo uphezu kwabo. Kwaye bazakuvuna oko bakuhlwayeleyo. Bayahlwayela ngoku, kwaye bazakuvuna kamva. Qwalasela. Owu! Sizingxwelerha eziphambeneyo. Owu, ehe.

³³⁶ Sizama ukuthenga indlela yethu ukuya eRussia. Sizama ukuthenga indlela kunye nobukomanisi. Sizama ukwenza. Kutheni, imali, akunakuzithenga ezi zibabalo zikaThixo. Kwakukho umfo, Simon, wazama ukuyenza ngenye imini, kwaye uPetros wathi, "Hamba uyotshabalala nemali yakho." Sidlala indawo kaSimon umnyangi, ezama ukuthenga isipho sikaThixo.

³³⁷ Buyela eLizwini. Buyela kuThixo. Buyela kuKristu. Ngoko sukukhathala ngobukomanisi. Siyakuvotele indoda elungileyo.

Siyakuba nenye indoda enje ngo Abraham Lincoln, George Washington, othile owayeyindoda yenene. Sanukubeka ityala la rhulumente phezulu phaya. Masibeke ityala kuthi. Yilonto u-Amos ebeya kuyitsho. Kwaye yilonto nawuphi umprofeti kaThixo ebeya kuyitsho, ukuba uyalazi iLizwi likaThixo. Ukuba ngumprofeti wenyaniso, u—uyalazi iLizwi, ngoba Liza kuye.

³³⁸ USirayeli, kumanyano lwakhe kunye—kunye notshaba lwakhe olwenziweyo. Okokuqala, kwafuneka baphume eLizwini likaThixo, ngaphambi kokuba banokwenza umanyano kunye notshaba lwabo.

³³⁹ Kwaye ngaphambi kokuba singakhe nje senze umanyano kunye notshaba lwethu kunye nezinto, kufanele siphume eLizwini likaThixo. Uh-huh. Into enye ngoku, sivumele iRoma ithathe intambo. Kutheni, siyayenza, lonke ixesha. Uthathe urhulumente. Uthatha iindawo. Uthathe abantu. Ngoku uthabatha iicawa.

³⁴⁰ Yintoni esiyenzayo? Sihleli sithe cwaka, sivumelana nabo. “Owu, ayenzi mahluko nokuba *yile* ndlela okanye *laa* ndlela. NguThixo konke, nakanjani.” Nina mahlwempu, zintsizana, abawileyo oosinga baprofeti. Yintoni ingxaki nani? Abazi Lizwi malunga noThixo kunye nezi zinto. Abalifundisisi iLizwi. Abaqondi. Bathi ubukomanisi buzakuthabatha ihlabathi. Hayi, asiyiyo.

³⁴¹ UbuRoma buzakuthabatha ilizwe, kwaye ibenza phantsi kwegama lobuKristu. Ingaba iBhayibhile, uYesu uthi, “Iyakusondela kakhulu, de ibe ibinokulahlekisa Abonyuliweyo, ukuba bekunokwenzeka”?

³⁴² Yintoni esiyidingayo namhlanje. Mandivale, ngokuthetha oku. Ngoku ndizakuvala. Into esiyidingayo namhlanje ngomnye umprofeti wenyaniso. Amen. Sidinga indoda yeLizwi likaThixo ukuba ize. Ewe, mzalwana. Iyakwaliwa kwaye ikhutshwe, kwaye ilahlelwe ngaphandle, kodwa iyakuqiniseka iqhushumbise umngxuma. I, i. . . Ehe, uh-huh. Iyakuqinisekisa njengokugalela olwa hlobo lweMbewu de aBanyulwa bayifumane Yona. Uh-huh. Injalo lonto. Sidinga umprofeti. Sidinga indoda leyo utoliko olululo lweLizwi luza kuyo, leyo uThixo athetha ngayo kwaye engqinela iLizwi, ukulenza libeyinyaniso Lona. Yilonto esiyidingayo. Kwaye, mzalwana, sithenjisiwe yona, ngokuka Malaki 4, “Ukubuyisela.” Intoni? “UKholo lwabantu, emva kwiBhayibhile.” Sithenjisiwe yona. Iyakuyenza.

³⁴³ U-Amos wayesazi. Ewe, mhlekazi. U-Amos wayesazi, uSirayeli, izithandwa zakhe ezingenabuthixo ziyabatshabalalisa kwakamsinya.

³⁴⁴ Kwaye abo bangenabuthixo abathandayo bakhe banamhlanje kwamsinya bayakubatsabalalisa, kwayona lo migaqo yobuhlelo kunye nezinto abathe bazibophelela kuyo. Nina bakwaMoya, leyo yinto ezakunitshabalalisa, imigaqo

namahlelo enu. Niyaziqamangela kanye ngaphaya, nithathe uphawu lwerhamncwa, kwaye ningayazi nokuyazi lonto, niyitsala kanye igqume amehlo enu. Ngokuqinisekileyo. Luqhakqalazo. Yintoni enizama ukuyenza? “Nibandakanyeka *koku*, okanye anibandakanyeki.” Yabona? Nilinde nje, nifumane nje okuncinci, nje ixeshana elidana. Emva koko, nithi, “Ndiyakuphuma kuyo emva koko.” Hayi, akusayi. Sowungaphakathi kuyo. Sowuphawulwe. Sowubanjisiwe ngophawu olukuwe.

³⁴⁵ Akukhathaliseki, u-Esawu walila kabuhlungu, xa waziyo ngcono. Kodwa walila kabuhlungu, ezama ukufumana indawo yokuguquka, kwaye zange ayifumane. Uyakuhlala apho ngoko. Ngoku lixsha lokubaleka.

³⁴⁶ U-Amos wayesazi ukuba abangenabuthixo babo ababathandayo kwamsinya bayakumtshabalalisa, ngokuba bona, icawa, imshiyile Yena, uThixo neLizwi Lakhe, indlela yoBomi. Bamkile kwindlela kaThixo yoBomi, baze bazenzela eyabo. Owu, iLizwi lalisisikhubekiso kubo.

³⁴⁷ Kwaye Yinto ekwanye namhlanje. ILizwi likaThixo lisisikhubekiso kosinga-Mkristu. Mxelele malunga nobhaptizo lwamanzi eGameni likaYesu Kristu. Mxelele malunga noThixo oyingewe. Oko kuyakwenza . . .

Kwaye, kulungile, bathi, “Kulungile, sinaye uMoya oyiNgewe.”

³⁴⁸ Ngoko kutheni niseneenwele ezinqothulweyo? Kutheni nisabhaptizela egameni lika “Yise, Nyana, Moya oyiNgewe?” Kutheni nisakholelwa kwezinye zezi zinto enizikholelwayo, nize nenze ngendlela enenza ngayo? Lonto iyabonisa. Iziqhamo zenu ziyagqina. Watsho uYesu, “Ngeziqhamo zabo, niyakubazi.” Ehe. Yabona? Lonto nje iyabonakalisa, uthetha ngento ethile ongazinto malunga nayo. Ewe, mhlekazi. Ewe.

³⁴⁹ Ukuba u-Amos wayelapha, wayeyakukhala ngokuchaseneyo neenkqubo zabo. Niyayazi lonto?

³⁵⁰ Ngoku ndizakufunda umqolo ubemnye phambi kokuvala, umqolo wesi-8 wesahluko sesi-3. Masifundeni.

*Ingonyama ibharhule, ngubani ongayi koyika?
iNkosi . . . ithethile, ngubani ongayi kuprofeta?*

³⁵¹ Phulaphula. Ekuvaleni ngoku, ndifuna ukutsho oku. Ndiyaxolisa ukunigcina, isiqingatha seyure emva kwexesha. Kodwa, jongani. Ndifuna ukutsho oku. Ndingumzingeli. Ndiyazingela. Ndiyavuya uThixo wandinika into efana naleya.

³⁵² Ngenye imini xa umpu udubule, ndiya ndiye ndibuye kanye emva ezantsi, ndibone ukuba ndingadubula na kwakhona. Andifuni indoyikise. Ukuba ndibe nokuntlitheka, phandle phaya endleleni, andiyi kuyeka ukuqhuba imoto. Ukuba ndihambe ndanqumla umgangatho ndaza ndakhubeka

ngomnwe kwikhaphethi, ndayokuphuma ngefestile, andiyi kuyeka ukuhamba. Yabona? Hayi, hayi. UThixo undinike uvavanyo olucocekileyo. Lowo yayinguSathane. Lowo ibingengoThixo. Yabona? Lowo yayinguSathane.

³⁵³ Ngoku, ndiyayazi indlela yokuyisebenzisa ngokwakwamoya. Kukho abathathu bethu kweligumbi ngoku, abayaziyo ukuba yintoni. Kwaye ndiyakunenzela amanwele ezintlokweni zenu, kodwa andiyi kuxelela bani. Yabona? Nje kuphela aba bantu bathathu, ukwenzela isiqinisekiso. Ngoku, kulunge konke yonke. Iyonke...uThixo wazi konke malunga nayo, kwaye walumkisa kwantlandlolo, kunye nento yonke. Kwaye siyayazi lonto. Inxalenye yayo ibilityala lam, kwaye bendinokuthile.

³⁵⁴ Ndi—ndithabathele indoda ethile ngelinye ixesha, xa kwakungafanelanga ndiyithathele. Bendinokushukumisa isibindi sayo siphume kuyo. Yabona? Endaweni yokuyenza lonto, kwafanele ndihlawule ngalonto. Ke, ngoko, ke si... Ilungile yonke lonto. Ndim, kwaye ixolelekile ngoku. Kwaye siyakuqhubekeka. Yabona? Ewe.

U-Amos, lomqolo wesi-8, “Ukuba ingonyama ibharhule ngubani ongasayi koyika?”

³⁵⁵ Ndizingele kumahlathi ase Afrika. Ndibekho apho iingonyama zazikhona. Ingukumkani wezilo. Ndikhe ndalala emahlathini ngexesha lasebusuku kwaye ndive ukukhala kunye neengcuka, ukuhleka kunye nokugxwala, kunye—kanye ne—kanye nezilwanyana ezahlukeneyo. Kwaye ezinye zazo iingcuka ziyakwenza, nje ziyakuhlobisa igazi lakho xa zikhala. Kwaye apho kunye namahlosi, kunye nokunxakama, kunye nento yonke engeye, kunye noqongqothwane, neenkawu, neemfene, kunye namawaka angamawaka amaxesha, “ukutswina, ukukhala.” Zihamba kuyo yonke indawo, ungeva zonke iintlobo zezinto ziqhubekeka. Kodwa mayibharhule ingonyama, ooqongqothwana bakuthi cwaka. Yinzolo embi. Zithi cwaka. Intoni? Ikumkani yazo ithethile. Amen.

³⁵⁶ “Ukuba ingonyama ibharhule, ngubani ongasayi koyika? Xa uThixo ethetha, ngubani ongasayi kuprofeta?” Xa uThixo ethetha, umprofeti uyakhala. Niyazi ukuba ndithetha ntoni? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Umprofeti wenyanyiso uyakhala. Zihlobo, Uthethile. Ngoko, mayithi yonke indalo yoBukumkani Bakhe ithobeke koko Akutshiloyo.

³⁵⁷ Ukuba ingonyama ifumana ukuba kukho into ethile engalunganga, xa ibharhula, yonke into kubukumkani bayo iyazola. Ziyamamela. Nkqu nooqongqothwane abancinci, noko, ukubukumkani bala ngonyama. Okuya kusika egazini ukugxwala kwengcuka, iyathula. Laa ndlovu phaya, enokufunqula ingonyama, iyijikelezise nge, “Weeel! Weeel!” yayo. Kwaye mayithi ingonyama ibharhule, iyakuthula ize ime ngxi. Mazithi icape buffalo, ezinokufutha,

okukhangeleka ngathi ngumlilo ovuthuzayo emathatheni ayo. Xa ingonyama ixhumela kuyo, ayisokuze iyonzakalise nokuyonzakalisa. Mawuthi umkhombe, ekunye nezotoni zisixhenxe zokuzikhusela, iyihlabe, kunye nempumlo yakhe enkulu. Mayithi ingonyama ibharhule, iyayeka kwizenzo zayo. Yintoni ingxaki? Ukumkani wayo uthethile. Yabona? Ufuna ukuva yintoni eza kutshiwo.

³⁵⁸ Kwaye xa uThixo ethetha, umprofeti uyakhala. Emva koko enze uBukumkani Bakhe buthobeke oko akutshoyo. UThixo uthethile. Mayithi yonke indalo yoBukumkani Bakhe iphulaphule koko Akutshoyo.

Masithandazeni.

³⁵⁹ Owu Ngonyama, yohlanga lwakwaJuda, vuka ubharhule! Wena ubharhuleyo kulo mhla wokugqibela. Amehlo akho ancwiniwe. Ujonge ezantsi. Uyazibona izono zesizwe esibizwa ngobuKristu kunye nehlabathi. Uyasibona isono sesi sizwe, xa sithengiwe ngeGazi elilixabiso. Uyabona indlela amahlelo anyovula ngayo kwiLizwi Lakho. Yabona indlela abaprofeti bobuxoki abaxoka ngayo. INyaniso kaThixo bayayiphika.

³⁶⁰ Bharula, Owu Ngonyama yakwaJuda! Mabakhale abaprofeti bakho. “Xa uThixo ethetha, ngubani ongasayi kuprofeta?” LiLizwi likaThixo liphuma eBhayibhileni, linyukela ngasentla ngomprofeti. Angathini na ukuthula? Ukuba anganakho, ebeya kugqabhuka abe ngamasuntswana. Owu Thixo, makabharhule umprofeti Wakho, Nkosi. Abharhule uMyalezo Wakho, Thixo, kwaye masithobeke sonke isidalwa soBukumkani Bakho.

³⁶¹ Banga bangema. Banga abafazi bangema baze bazihlole. Anga amadoda angema aze azihlole. Wanga wonke umshumayeli ophulaphule kuleteyiphu, angema aze azihlole, ngokuba iNgonyama yohlanga lwakwaJuda ibharhule. Kwaye iLizwi lenyaniso liza kubamprofeti, lithetha, likhala, “Guqukani kwaye nibuyele emva phambi kokuba kube semva kwexesha.”

³⁶² Thixo, ndinikezela uMyalezo, okwiteyiphu nakwisihlewele esibonakalayo, kuWe ngale ntsasa, ngokuthemba ukuba UyakuLiphumelelisa. Kwaye ubize wonke unyana kunye nentombi kaThixo, ephantsi. . . eyakha yeva leteyiphu, okanye phantsi kwesandi selizwi, bayakuya emva enguqukweni ngaphambi kokuba semva kwexesha.

³⁶³ Kwaye ndiyakholwa, Nkosi, ukuba Ubunokuthumela u-Amos apha, ubeya kukhalela into ekwanye. Ngokuba ebengayi kukhala. . . Kodwa ukuba ngumprofeti weNkosi, unguthunyelwa phambili weLizwi. Uthunyelwe phambili liLizwi, kunye neLizwi, kwaye uliLizwi. Ngoku, Nkosi, mayenzeke, eGameni likaYesu Kristu. Amen.



INDLELA YOWENYANISO UMPROFETI KATHIXO XHO62-0513M
(The Way Of A True Prophet Of God)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngeCawa kusasa, ngoMay wama-13 ngowe-1962, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2017 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org